Ibuzile enye inkewana enguntanga wale inguZukile, “He Zuks, kha utsho, yeyiphi *icherry* yakho kwezaa ntombi zika bawo lowa?” Ubuze uZim esalatha ngentloko kweloo cala lihleli inkintsela leyo.

“Yileya kanye iqum-qum, ikhanyayo ngebala, *iyellow-bone* enomhlantla phakathi kwamazinyo angentla, abathi nguNzwaki igama.”

“Thixo, *sonny*, ndandimfuna nam ke loo mntwana uneenwele ezinde, wakhiwe ngathi nguSerena Williams wezodumo kwintenetya yehlabathi! Hayi unentlahla nyhani ntang’am.”

Ubethe ntleke ukuncuma uZuks, ebonakala eqhayisa kule inguZim; yona ekubonakala incitheka mpela zezi ndaba.

“Ke ngoku, mtshan’am, uza kulala naye nyhani-nyhani *tonight*, pha kowabo?”

“Awu, utsho nawe nje, *vandag* ndim naye; ziyaduuma!”

“Eyi kodwa Zuks, ndiyayoyika la *Timer*; iyanconywa ngokuthakatha laa *way*.”

Zithe zakumjonga, wabonakala ehlahlana into engaziwayo nengabonwayo uMafeduka, esanikina intloko, ekhangeleka oku komntu ophula-phule loo mculo uviwa nguye yedwa engqondweni, esawavale vingci amehlo akhe.

“Unokuba umamele umculo waseGwadana laa *way*,” itsho ihleka le inguZim, imthe ntsho ngamehlo umnt’omdala. Wahleka kamnandi naye uZukile.

“Kakade ndiyathakatha, andiyifihli loo nto leyo,” utsho engabhekisi mntwini uMafeduka, esacimele; yatsho yothuka loo nkewana uZim, yabaleka ngoku yasondela kwamany’amadoda ngasexhantini.

“Niyamva lo mntu, niyamva?” Uphinda-phindile ukubuza uZim ethe ntaa amehlo luloyiko ngoku, ebhekisa kwamanye. Akubangakho nanye ephendulayo.

“Mxim! Andiyikholelwa loo nto yakhe; inokuba ufuna nje ukoyikwa ngabahlali, utheth’amasimba la *way*...”

“...Kwedini, kwedini Zukile, sukuthetha njalo ngomntu omkhulu; yintanga kayihlo leya.” Unqande wenjenjalo uKhumalo ingekaligqibi. “Ndiyabona ukuba nibuye kwela Bhayi nicinga ukuba nithweswe izidanga zobutsotsi nokuqaqadeka; kwantetho le yenu yahlukile mpela ngoku kule yalaph’ekuhlaleni. Nakweso sikolo senu ngahle niza kusimoshela nje abany’abantwana.”

Imini ebinomoya obuphephezela buyolisa, ebiqale ngobuhle nenzolo, ibonakalise ukujika, izulu lathand'ukuba mathumb'antaka. Ibonakale ithembisa imvula.

“Ngase ndizibonele ngokwam obo bugqi bale *Timer* kanjani, ndize kuyikholelwa ukuba ayenzi nje kuba ifuna ukoyikwa ngabantu belali la way,” utshilo uZim esajonge ntsho kuloo mfo amoyikayo.

“Uze uyilumkele into yokunqwenela into enokusuka ikuxake. Thina bavayo ngamandla obugqi bala ndoda asinqweneli kwazi ngaphezu kokuba sisazi ngayo. Kodwa ke wena ndiyabona ukuba uphethwe bubugagu nobukroti bobutsha. Qhuba ke mfo wam!” utshilo ebuncama uKhumalo.

Zabiwe izithebe, sasodwa esika bawo uMafeduka sikhathshwa lilizwi elithi ubonwa eyedwa apho njengangwevu engenantanga; adibana onke amanye ndawini nye, oontanga uZukile noZim bahlanganiswa njengabafana; amakhwenkwe wona adityaniswa nentamo yawo, esikelwa ke phofu nangamadoda. Zisiwe endlwini ezoomama nabafazana neentombi; kwamnandi.

Kuhlwile, kwaza ngobo busuku wabonakala uZukile ethe chuu, enxibe idyasi nesankwana oku kwexhegwana, esingisa ngakulontombi. Loo mzi ubuwakhiwe oku komzi womfama weBhulu, unamaxande noongqu-phantsi abathe qelele phaya kumzi omkhulu. Iingxande ezo bezakhiwe ngamatye asicaba afumaneka ezintabeni, kwelinye icala ubuphahlwe ziigaraji ezintathu zeveni neeteletele zodidi ezimbini. Ubani ebengenakuthandabuza ukuba ikhaya elo belifumile mpela. Ubungagqiba uthi elo likhaya labahambi abangabaphambukeli abahlawulayo ngenxa yobo bukhulu balo.

Imithi engqongileyo ekhusele umzi kwimimoya ithande ukwenza isithinzi kwakurhatyela. Iintaka zasebusuku ezinje ngezikhova neengqangqolo nazo zithande ukuxhaphaka kwakuhlwa. Zivakele ke nangobo busuku ziqhuba incoko yazo yesiqhelo, zibanga ingevane kumagwala. Zikhonkothile nezinja zenza nomkhulungwana, kodwa zabuya zathomalala ngokunga zithuliswa yinto. Ufumene ukukhuthazeka umfo omkhulu, empampatha ibhoso lakhe engxoweni esekunene yedyasi, wancuma yedwa kobo bumnyama.

“Tata kaNonzwakazi, imfuyo ibuye yonke nabalusi. Siye sancedisana ukuyibala nonoNzwakazi ngokuya ubungekho. Loo nto yandile, andazi ukuba wena wedwa

wenza njani le nto eyakho izala mihla le. Zintathu iimazi zebhokhwe ezizele amatakane ngambini namhlanje, kanti iigusha zona zimbini ezizeleyo, kubekho namathokazi amabini azeleyo,” uthethe wanga akaphefumli uNosabile, umkaMafeduka, egcobile zezo ndaba zemfuyo. Imazi leyo ibiyisheleni nesheleni nentombi yayo uNonzwakazi ngokucikizeka oku, ubungagqibayo ukuba ngumntu nodadewabo.

“Kutheni ingathi ndiva umona kule ncoko yakho nje?” Utsho ekhangele enkosikazini yakowabo enoncumo ubawo lowo, ecuthe amehlo. “Uthini ngeenkukhu namadada akho akuzalela eqandusela yonke imihla le, wakha wandiva ndikhalaza kakade mna yiloo nto?”

Igumbi lokudlela ababehleli kulo wawungafunga ugqibe uthi ukwipomakazi lomzi wabeLungu. Ifenitshala eyayilapho yayingqindilili ichaza ubuqilima bexabiso layo. Kwazitya ababedlela kuzo yayizezo zodidi zaphukayo zixatyisiweyo ngabeLungu.

“Uwowu! Phoxisa wena, kaloku asikwazi kuba zizinhlanha ezingawothiyo njengawe thina. Wonke umntu waleMandileni ukhala ngobutyebi bakwaMafeduka.”

Akukubanga kudala, bahambile abazali abo bayakulala egumbini labo, nalo elingumthebelele ukwandleka oku, likwatsho ngengaywayo yona ifenitshala yalapho.

Uthe ukuba asondele emnyango wegunjana elisesazulwini saloo manqugwala eentombi uZukile, wankqonkqoza ethethela phantsi, “Nzwaki! Nzwaki!”

Luvuliwe ucango lukhatshwa kukutswina okuchaza ukunqatyelwa kweehinjisi zalo yioli. Imincili yendoda ikhawuleze yaxubana nombilini ovele wathi rhiphu oku kokutshawuza kombane. Ufane wazihleka-hlekisa akuthana mmandla nemazi leyo ahambele kuyo. Uthe khona akuphosa amehlo akhe kwezo zijungqe zintsefu-ntsefu zokulala abesele ezinxibile uNonzwakazi wanga ushiywa ziingqondo uZukile. Waye engemhle umntwan’omntu wasuka wabungelosira ngolo rhatya. Luthe luvaleka olo cango yabe imwola la nto, sele ifutha ixel’inkunzi yerhamba. Banqandan’amathe kwanzima. Uzihlubule ezo dyasi nesankwana wazilahla phaya kude uZukile, waziphosa yena siqu phezu kwebhedi yentombi. Ukhefuzele njalo emnqini ejongene nenqontsonqa ekukudala eyilangazelela, yathi intombi makalinde

umzuzwana, isaya kuqinisekisa endlwini enkulu ukuba izinto zisabahambela kakuhle, abazi kuphazamiseka tu.

Uthe ingekaphumi kwasemnyango apho intombi, uZukile wafunyanwa bobona bakha bamyoli bona ubuthongo kweli lizwe. Yaqalisa ukuwa nemvula emyoli epholileyo ekhapha obo buthongo bakhe, yavakala isithi: “Shwaa!” Wahamba umzuzu.

Ibuyile engqondweni yakhe intombi entle enomfaneleko erhalelwa lilizwe lonke, yatyeda, yazaneka phezu koZuks. Kwenzeka ngobo busuku izinto awayezizibula naye loo makad’enetha kwezothando unguZukile. Uzive ubudoda bakhe bunga bubinjilizwa ngumqala wenyoka, wasitsho isikhalo somfelwakazi esiva ubumnandi base majuku-jukwini. Ube nencwina esizelekayo ebuhlungu oku komntu lo ufuna ukuhlangulwa engozini, watsho njalo ubusuku bonke. Wangqusha kanobom, ubuso bakhe ebungcwabe kwezo nwele zinde zimnyama thsu.

Kwalile ezinzulwini zobo busuku bebungangxamele siphelo weva ngesithongakazi esifana nokugqekreza kwezulu sikhathshwa sisaqhwithi, lwantleleka kubini uphahla lwendlu, waphaphama wayibona loo nkosi uZukile irhangqwe amazantsi lilifu elingwevu, ubumnyama besibhaka-bhaka ngentla kwayo bayitsho yanga ikhatshwa bubuqaqawuli basemazulwini. Uthe akuthoba amehlo ekhangela emandlalweni kuNonzwakazi suka wazibhaqa enamathele kweyona nkunzi yenja yakha yamnyama, inoboyakazi obugqume kwanto. Uphuncukene nayo sele esitsho ngesikrakrayo sona isikhalo. Inyokakazi eyintlwathi ibutshice kanye ngelo xesha ubudoda bakhe ebibumumathile, yaswabuluka nayo ishiya loo mandlalo ebexhagene kuwo nenkunzi yenja ngokunga ibonisa intlonipho kumnini-khaya ovele entungo. Ugubhe entywantywa luloyiko engasasiva nokusiva ngeendlebe zakhe kwasikhalo eso sakhe uZukile, ibe ngathi sisijwili esiphuma komnye umntu, hayi kuye yena siqu: “Iyhuuu! Yizani bantu benkosi!”

“He, he, he!” Usuke wahleka wenjenjalo uMafeduka gendyondyo ediniweyo nepholileyo abeqala kwa ukuyiva uZukile, esothuka kwa ukulibona ixhego linganxibanga mnqwazi nampahla, ngoku selikhangeleka oku komntu omtsha, lilenga-lenga esithubeni, lindanda oku kwentaka ezama ukuhlala phezu kwesebe lomthi.

“Ndixolele tata kaNzwaki...”

“Yithi Mafeduka kaloku, njengantanga yakho. Yithi ndithetha amasimba...”

“Owu baw’ uMafeduka, andisoze ndibe ndiphinde xhego lam, ndaphazama ngala mini...”

“Kakade ubekwa yini apha kwam? Ubusazi ukuba kukwam apha?” uyilandelise wenjenjalo imibuzo uMafeduka.

“Daddy, toro...”

“Yintoni ke leyo idaddy, ndifile kakade?”

Utye tyum kwesi sithuba uZuks exakiwe ukuba angaphendula athini, ixhego limbhidile mpela. Uthobe amehlo wakhangela ezandleni enga uyazihlamba ukuzihlikihla oku engasaziva tu ukuba wenza ni na. Uthe akuthoba amehlo wabona amazantsi akhe okokuqala emva kokwahlukana kwawo nomlomo wenyoka, wothuswa ngamathe enyoka abumkhunyu ajinga apho kwizitho zakhe eziphakathi kwemilenze. Uphakame kancinci ecinga ngempahla yakhe yokunxiba, kwakho into ethi makajonge exhegweni kwakhona, wafika lithe shwaka sele lingasabonakali nangomtshi. Uyitsibele kwangoko loo mpahla yakhe wangxama ukunxiba, ephatha kuwa kukubhuzela okubangwa kukungxama noloyiko. Ngeli thuba bekusele kuzolile ngathi khangwe kwanto, kuthe nkcwe nangaphandle phaya. Kukhale kuphela isikhova, saphendulwa yingqangqolo. Amasele wona awaqalisanga tu ukuvula imilomo yawo.

Ukuqaphele ukuza kokusa uZukile waqonda ukuba noko ngoku angakwazi ukuchwechwa agoduke. Wahamba wagoduka, intliziyo yakhe iwuminxile umqala wakhe.

Uyile esikolweni ngoMvulo kodwa waqaphela ukuba wonke ubani apho ucwezela kude lee kuye, kwaye bewaqhobosha ngeminwe amathatha abo akusondela kubo. Ibe nguntanga wakhe uZim omsus’ inkwethu emehlweni ngokuthi ambuze:

“He mfondini, livumba lani eli libi kangaka liphuma kuwe?”

“Utsho njani ta-Zim?”

“Theth’ ukuba mfondini akuyiva tu le way iphuma kuwe, nyhani?”

“No *sonny*, bendingayiqondi, but ndiyabona la *way* ingathi wonke umntu uyandislayiza kanjani...”

“Inuka *blind sonny*, nyhani andikuxokiseli. Ngcono uvaye uye edladleni uyosplasha la *way*...”

“Zukile, kha usondele apha mfo wam,” umbizile utitshala omkhulu.

“Heke *meneer*?”

“Andazi mfo wam ukuba sisaqhunge sani esi sikukhaphayo namhlanje apha esikolweni. Kodwa ke ndiyakukhulula uye ngase khaya, uze ubuye xa simkile kuwe.”

“*Alright* mfundisi.” Ukhululeke ngoko nangoko selefile zintloni naye ngoku uZukile, wagoduka.

Mazibuy'iibhokhwe zam

“Eyona nto indijuyayo ngumsindo yile yokuba ezi ntwana zisuke zindiwe ngentsinikazi yomya qho xa zindibona apha ekuhlaleni. Ibe yodwa ke le yokuba zisuke zikhonye, zindigxwale zisithi: “Sizi *owners*; amandla! Ngawethu! Iibhokhwe! Zezethu!” Uthethe kabuhlungu wenjenjalo ubawo uZizi, ixhego elifuye umhlambi weebhokhwe kule lokishi yaseJoza, eRhini. Intlungu ube eyiphalazela inkintsela yexhwele elaziwayo lase *Seven Fountains*, uKhwel’ebhedini; into engazanga yasifaka isihlangu enyaweni layo, itsho ngeengxondorha zemiwewe yamasa kwezo nyawo zinkulu.

“Mazibuy'iibhokhwe zam, Khwel’ebhedini; ndincede! Amapolisa wona ndiwancamile malunga nalo mcimbi.” Ube buntywizisa akutsho, nto leyo eyamzalisa ngumsindo nentiyo uKhwel’ebhedini akubona ezo gilasi emehlweni omhlobo wakhe omkhulu.

“Uyazazi ezi ntwana?” Ubuzile uKhwela eqondele phantsi, etsala-tsala intshetyana yakhe efana neyebhokhwe ngesinye isandla.

“Ewe, ezimbini zezaphaya ebummelwaneni kwaThatha, ezinye ngootshomi bazo; zona ke ezo andizazi.” Uphendule sele ebuxola kunangaphambili uZizi, ekhuthazwa nakukubona ebukhathazeka nomhlobo wakhe lowo.

“Khangel’apha ke Zizi, le mbhodlela uzakuthi ukufika kwakho ebuhlantini beebhokhwe zakho uyihlukuhle, uyivule, uyiphose esazulwini somhlambi lowo weebhokhwe ebusuku; uhambe uye kulala wakugqiba. Ngalo lonke elo xesha usenza loo nto uyathetha; naxa ubheka pha, sele ugqibile akuyekanga ukuthetha de ungene endlwini, uthi: “Mazibuy'iibhokhwe zam!” Loo nto ayithethi ukuba zakube zibuye iibhokhwe ezo sezidliwe ngala masela amakhwenkwe, koko kuzakwenzeka into ezakubanga ukuba ziyeke ukuba sisisulu iibhokhwe zakho. Okunye, sizakubuya isidima nesithunzi sakho kubantu basekuhlaleni, yonke into yakho ihlonitshwe, nawe uhlonitshwe. Indoda kufuneka ibe nesithunzi!”

“Kwowu, Khwela, andazi ukuba ndingakubulela njani. Inene akukho nto yakha yandihlupha nje ngale yokumoshwa ngaba bantwana, bajike bahlekise ngaloo nto ibuhlungu bandenze yona.”

“Eyokundibulela ilula Zizi, ndifuna inkomo yam ngolu ncedo ndikunika lona. Inkomo yam uyayazi ukuba yimalini.”

“Hayi, hayi, Khwela, andali; kukuthetha nje, inkomo yakho ndiza kuyihlawula, mhlobo wam.”

Ngalo lonke elo xesha la madoda mabini ebevalelene kwelo gumbi likaKhwelebhedini lineengxowa zamakhambi neengcambu, neemfele eziqwayitiweyo zezilo neentaka, amasela wona ebesonwabile, evungula. Izoli yomya ibijikeleza ixelisa uArch wase Ziyoni. Elo gqange lelahle lalivutha okwesihogo kwakutsalwa umsi wezoli yinkewu nganye.

Ivakele isithi le inguSikhenya: “Yazi, *magents* le nyama yebhokhwe *yalaTimer* ityebe gqitha laa way, *sishota ngedrink* yokuthoba la manqatha.”

“Izibe ke mtshanam, ndiyaqala khe ndidle inyama yebhokhwe ethambe netyebe le way ngathi yeyetakane legusha,” kuphendule uKhwesta esoyame ngentsika yetyotyombe lakhe apho bebetshaya besidlela khona inyama leyo, amehlo ebuyoba ngumya.

“Umhluzi namanqatha yimpilo kuthi batshayi besigada ngoba ayasioyilisha isifuba la way,” utshilo uDekaider ebuya negaqa lesihlunu esinenqathakazi eliteke-teke kwisikotile esiphambi kwebhedi ebebehleli phezu kwayo, siphuphumala yinyama enomhluzi. Ubuye walumela ngesipoponi somhluzi oshushu.

“Kha udlulise umhluzi lowo Dekaider, mna andikhathalele naloo *Drink’o’pop*. Inyama nomhluzi zindanele,” kutsho uPayto, ecima-cimeza amehlo amancinci, ebomvu krwe ngumsi womya.

Kuhlwile ngelingeni, wabonakala uZizi engena ebuhlanti beebhokhwe zakhe ngobo busuku nje ngamyalelo ka Khwel’ebhedini. Uyivulile loo mbhodlelana abeyinikwe lixhwele, yatsho ngesaqhunge sevumba elimtsho wadidizela sisathuthwane sabumini. Zimngqongile iibhokhwe kodwa zibubaleka, zenza isangqa athe waphosa phakathi apho kuso loo mthi. Zigxwalile ezinye zikhala, Mhee! Wakhwaza naye kanye ngelo xesha esithi:

“Mazibuy’iibhokhwe zam!” Ibe ngathi siyamkhuthaza eso sankxwe senziwa ziiibhokhwe ezo, waqhuba wenjenjalo ukukhwaza, sel’ebunikela umva ubuhlanti

ebheka ngasendlwini, esiya kulala. Akayiphathanga nasemfazini loo ndaba kaKhwel'ebhedini, watya tyum, ejonge kuphela iziphumo, ekholwa kukubona emntwaneni.

Abafana betheko lenyama yebhokhwe baqala ngokuhlekana, behluthi izisu ziyimipatsiya, ubuso nemilomo inyinyitheka, beqhunywe begxadazela ngumya. Intsini le ibangwe yinto abathe ukuyibiza 'kukuva izinto'. Kuqale uKhwesta oye wayidubula apha entungo, esithi isisu sikaSikhenya siyathetha. Bakhe bathi zole bonke baphula-phula, suka ngoku kwakhala esikaDekaider. Bayihleke intsini balila iinyembezi. Kuye kweenqumama kwezo zooDekaider noSikhenya, suka kwavakala u "Mhee" ocacileyo evela kwicala likaKhwesta, bavela bamwa ngentsini bonke uKhwesta. Besahleka uKhwesta njalo, loo Mhee watsho kule inguPayto. Zibe bubuya iingqondo ngoku kubo bonke, wagqotsa ukubaleka ephuma apho uKhwesta eshiya abahlobo bakhe bodwa ngemva, esiya kubikela unina endlwini enkulu ngeso simanga sebhokhwe ekhala kubo bonke eziswini. UNozengezi, unina kaKhwesta uye wayithatha mayana le nto esithi abafana abo baqhutywa yinto abayinkawuzileyo, akukho kwanto. Wasuka watsho loo Mhee kanye ngelo xesha ngokuvakalayo evela apho kunyana wakhe ngenkqu.

Udubuleke wabalekela phandle uNozengezi eshiya unyana yedwa endlwini, wakhwaza abamelwane,

"Yizani bantu benkosi, phumani nizokuva esi simanga!"

Ngenene baphumile emizini abantu bonda ngaye, wabalathisa kwakhe. Ubuyele apho endlwini yakhe sele elandelwa lelo hlokondiba labahlali abafuna ukuzivela eso simanga sebhokhwe ekhala esuswini somntu. Bathe besangena bonke apho kwaNozengezi suka bagilwa ngootshomi bakanyana wakhe bephuma ebobosini begilana, bekhatshwa sisikhalo somhlambi weebhokhwe. Bamangaliswa abantu, bambi baphuma bebaleka kwelo khaya besithi lithakathiwe.

Uvele kweso sithuba uZizi naye eze kusabela eso simanga kukhalwa ngaso ngabamelwane. Uthe akuva loo Mhee ekhala eziswini zabo bafana, suka wayothula apha naye ngoku intsini. Abantu basuka badideka bakuva ixhego lihleka ngolo hlobo sele livuza iinyembezi emehlweni. Wakhwaza uZizi wathi,

“Bantu bakuthi, ndihlekiswa kukuba kanti ngenene ezam iibhokhwe ziyakhala esiswini sendoda! Ndanditshilo baza kunya!”

Kufike ngelo xesha kanye uNokholeji, ongumama wenye yezo nkewu, leyo kuthiwa nguSikhenya, sele engamalangatye ngumsindo ebhekisa kuZizi, “Gqwirandini lendoda, ndiyamfun’umntwan’am! Yini Thixo lo mntu ungcole kangaka endijikel’umntwan’am amenz’ibhokhwe?” Kucacile ukuba umama lo akevanga kakuhle esiba unyana lowo ujikiwe.

Usuke weqhuzu-qhuzu ukuhleka uZizi: “Hayi, sisi, unyana wakho usenguye, uselilo isela leebhokhwe, nto nje iibhokhwe ezo zenza isikhalo sazo sesiqhelo ngaphakathi esiswini sakhe.”

“Ndiyahamba ndiyakubambisa emapoliseni!”

“Hamba torho mha, uze nawo apha amapolisa lawo!” Ume ngelo uZizi.

Bamqandile abanye abafazi uNokholeji besithi makayeke ukuba sisihiba, uZizi lowo ufanelwe kukucengwa ukuze alikhuphe elo fufunyana lebhokhwe kwabo bafana bangamasela anentlonti.

Isimbonono sebhokhwe eziswini zamasela asiyekanga. Amasela lawo, endawonye onke, aye ewakhuphe entloko amehlo abomvu, kunguMhee! Abantu babethe chasi, bambi ikukhona begaleleka ukuza kuzivela nokuzibonela eso simanga. Bafika nooNondaba *beDaily Sun* yamabholo, babhala, bafota.

Bafikile nabanye ababini oonina bamasela, baza bonke bamngqonga uZizi, bebonakala bebumcenga emehlweni. Ibe nguNozengezi obenesibindi sokubuza: “Ngoku ke bhuti, sizakuyithini le nto?”

“Hayi bafazi, ngathi kum ilula le nto; iibhokhwe zingayeka ukukhala apho inyama yazo ilele khona ngokuhlawula ixhwele. Ndiyaqonda ukuba uKhwel’ebhedini angekhe adlule kwiinkomo ezimbini. Kha nizizame.”

Balishiyile ixhego oomama bagqugula bodwa bucala okwethutyana, baphinda babuyela kulo. Ibe nguNozengezi kwakhona obuye wathetha nalo ethunywa ngabanye: “Bhuti torho,

sincede. Sakuzikhupha iinkomo ezo zifunwa lixhwele kunokuba abantwana bethu baphelele eNdimangeni. Silinde, siyabuya, sele silazi nexabiso lenkomo kaKhwela.”

Namhla xa udlula kwaZizi ezibhokhweni apho eJoza, kukho umbhalo omhle omkhulu obomvu othi: LUMKA, EZAM ZIYATHETHA ESISWINI SENDODA!

Ubumnandi baseMthatha

Inene babungena kulibaleka ububele awayebunikwa uDezoks ngamanene aseMthatha ngaloo Mqgibelo. Injika-langa yonke wahanjiswa iindawo ezifana *noomaCircle Triangle* waboniswa nezakhiwo zodumo ezifana neBotha Sigcawu. Wagqiba kuye ngaphakathi ukuba loo manene woze naye awatende ngaphezu koko mhla ahambela kuye eBhayi. Wayecinga ngokuwakhuphela kwiindawo zolonwabo ezifana *noomaBoardwalk, ooBaywest, komaCentral, Summerstrand, ooLunga eNhose eZwide, nakooGqalane, nooPatido eJabavu, eNew Brighton*.

Ngokuhlwa ammemela kwisiyunguma sotshiso-nyama netheko lokumamkela apho eNgangelizwe. Uzive engenamlomo bubungcungcu azibhaqe ebekwe kubo, esitsho naye ukuba akazanga wakha wayibona loo nto afakwe kuyo. Kwa siselo aqalwe ngaso ngamarhumsha wayesizibula. Wabona kukhutshwa umkhenkce-bubisi efrijini wakhiwa ngamacephe ugalelwa ezigilasini zokusela, walekeliswa ngesiphuzo abasibize otshomi bakhe ngokuba yi *Irish Coffee Cream*. Hayi ke, yaqhuqhwa kanobom ke loo nto, yasuka yayintubululu egwebhuzayo, etsala iliso iginyisa amathe. Uthe khona akuyifaka emlonyeni yafika elwimini yadala into entsha ebunqumbululu obatsho wahlasimla.

“Sii, madoda, hayi ngenene niyakwazi ukonwabisana majita aseMthatha!

AwaseBhayi andiqondi ukuba akha ayiva le nto nindidlisa yona namhlanje!” Utsho ngokunyaniseka okukhatshwa ngumothuko.

Utsho kamnandi umculo kaDavid Sanborn, zaphokoka neembelukazi ukufika ngokufika. Uye wathand’ukuba bukhawuleza ukuyifinca leyo yokuqala igilasi, wonda ngeyesibini. Umfana ogama linguSango ubonile ukuba ingathi iza kubhatyaza le yaseBhayi, wasondela kuyo, wayoyama: “Bra, sukuya ngamandla kule way kuba usiva ubumnandi bayo; asiyo *pudding* le, iyakuthatha nyhani uhambe ngepipi estratweni. Yigcine kuwe igilasi yakho, uthathe ixesha lakho, umane unyela ulwimi lwakho ngayo; ungayithi laqa, kwaye ungayigongqozi,” utsho ebuhleka umLungwana lowo. Wavela wayithanda naye loo poni uDezoks ezibona ezibhaqele umhlobo wenene.

Wawungayekanga umculo omyoli, nevumba lenyama etshiswayo lalibanga amathumbu axokozele liphango. Isoleji yayixele amarhamba azisongileyo ubuninzi bayo. Ubusuku

behlobo babuyoko-yoko zizibane zezulu, zinga zikhuphisana nezo mazi zazikhutshiwe, zimbi zizikhuphile, ngobuhle bazo. Uye wakrwecwa ngomnye umfo othe ncothu, onomfaneleko wesifundiswa uDezoks, naye wasabela. Umfo lowo ubemi neyona yakhe yalubhelu intyatyambo, ifana nezo zazichazwe ngumfi uWordsworth kumhobe wakhe. “Jonga, bhuda yam, hoya nank’umntu, ubusuku busebude; yonwabani.”

Uye wahleka usisi lowo esithi: “He-he, bawo, nank’umntu ephisa ngam ndithe phuhlu amehlo!” Ayiphendulanga loo ndedeba, ingakhange izazise nokuzazisa, yasuka yaphelel’emehlweni, yayakusithela.

“No, babes, akaphisi ngawe tu. Undincedile lo mfo kuba kudala ndikujongile qha ndingazi ukuba ndingakuqala ngaphi na. Mna ndinguZongezile abambiza ngoDezoks. Ndiphuma eBhayi la way. Wena ke ungubani?”

“Mna ndinguThabisa, bhuti, aph’eNgangelizwe.”

“Ke, kha undiqinisekise ukuba ndinomhlobo wenene apha kuwe; akukho bhobhoyi uza kundihloh’ibhozo okanye imbumbulu ngokundibhaqa nawe,” utsho ezihleka-hlekisa uDezoks, naye encunyelwe kamnandi.

“Tyhini! Hayi kaloku andinxibanga msesane wamntu emnweni njengokuba ubona nawe. Akukho nto inokuleqisa ngebhozo okanye ngompu wethu suka,” utsho naye ebuhleka uThabisa lowo.

“Hayi ke *sweet-girl*, nam ndiyavuyisa; butsho baphela ubulolo bam, kudala *ndisimaka* ukuncokola nawe.” Iqhube yenjejala incoko yabo babini, kucaca ukuba abachasene mpela, badanisa nokudanisa kunye, behlangene ngezidlele kwakukhala umculo ofunisa oko.

USango, obekade enyamalele eyekuncedisa ekutshiseni inyama, ugangwe nguloo mbono wokunamathelana kweso sibini oku kwamawele ahlange ngeentloko. Wothuke wema okomzuzwana, kodwa wabuya warhoxa wabuyela kwaseziko.

Kuxokozele kwamnandi kwayiloo nto yintsholo yolonwabo lwabantu abatsha nomculo; abathandanayo besoyamene, bambi bafumana abatsha, abanye babe bahlangana nababegqibelene kudala nabo, kubuyelwana, bambi baxabana belindana, balahlana

besahlukana. Baqhubeka ubomi. Zijikelezile izitya zenyama namaqebengwana neziselo kumnandi, ingoma isitsho njalo.

Buhambile ubusuku, nabantu bacutheka ngambini-ngambini. UDezoks noThabisa babasesinye sezozibini zilahlekayo besiya kuchitha intsalela yobo busuku kwindawo uDezoks awayesele eyilungiselelwe kwasemini ngabahlobo bakhe. Bahamba ke bayakuvalelana. Ndlela le ababethene nca ngayo wawungafunga ukuba soze babe baphinde bohluwe nto. Kwabanjalo nakwelo qonga lothando. Kwasebenza imilebe kosulwana amathe, iminwe inga ingakroboza iimbambo. “Ubukade uphi ixesha eli lonke?” Usebezele endlebeni yaloo mfo uThabisa, engaziva, ewavale vingci amehlo akhe efuthela phezulu.

“Masilale!” Uphendule esebeza naye uDezoks emhluba konke abekunxibile.

Umwolele phezu kwakhe engqengqa ngomqolo amabele entombi ewakhongozele ngezandla okweziciko.

Izithobe yonke phezu kwakhe loo ntombi ngomzimba ongezantsi, watsho ngencwina ebukukhuza yakuzihlaba ngaye, nayo yatsho ngeyayo incwina ibugcuma bubuncwane bobushushu bomzimba. Bakhalelene bekhalisana ngolo hlobo babe bawolana ngemilomo bedlala ngamalwimi, yabe ingayekanga ukungqusha ngokwayo ngaphezulu imazi, isehla isenyuka inga iphalisa ihashe emdyarhweni weJuly eNatala. Ibe lithutyana siqhuba eso sililo sabo sesiyunguma sababini ikhwel’izehlela intombi, wada wawela phezu kweso sifuba simanzi kukubila uThabisa, imizimba yabo ithe saa. Baqhube njalo bemana bevusana ebuthongweni ngeengqiniba bephind’enkomeni kwada kwasa.

Ngentseni kungekaxukuxi nomqhagi, kuvakale unkqo-nkqo-nkqo ecangweni lelo gumbi bebelele kulo. Ukuphuphile oko kunkqonkqoza ngathi kutsho egumbini lakhe emva ekhaya eBhayi uDezoks, enga uva igama lakhe likhwazwa libizwa ngunina. Ukhwaze esebuthongweni: “Mama!” Weva ngengqiniba yentokazi leyo ebelele nayo imngomba ezimbanjeni. Uthe khwasululu exhuma, weva ukuba kunkqonkqozwa apho kuye emnyango. Uphakame wonda ngocango, wavula.

“Tyhini! Sango, yintoni mfondini ngentseni kangaka?”

“Hayi mfondini, ndithe mandikhangele ukuba ulele kakuhle na,” utshilo omnye amehlo ewakhuph’entloko.

“Ewe ndilele *right, broer*. Kutheni ngathi usexhaleni nje?”

“Hayi xa ulele kakuhle ke akukho nto, ndakubona *later*, xa sele uvukile.” Esitsho nje iliso lakhe lijonge ntsho egumbini emva komhlobo wakhe, ngathi usakrokra noko.

UDezoks ubuyele ebhedini wahlala apho enyeleni lomondlalo ecingisisa ngesi senzo somhlobo wakhe lowo usuka apho, akayifumanisa konke-konke ukuba ishoba ni na. Emva kwethutyana ehlikihla isilevu sakhe eqondele phantsi, ubuyele emazini wayiphutha-phutha, baphind’emva kwendlu.

Kwalile emva kwesidlo sakusasa, malunga nentsimbi yeshumi, wehla esiya kukhangela uSango kowabo, sele eyikhulule intokazi yakhe, wayikhapha eyiloo nto ijongwe nangutha-tha-tha apho ebummelwaneni ngathi kolanyw’umshologu. Imini ibintle, ilanga lithe qheke, kupholile. Uzibone efanelene naloo ntombi esithi nababukeli abo makube babuka loo mfaneleko.

Umfumene uSango xa aphumayo kowabo esangweni, wabe sele esithi ukuthana ntlana kwabo: “Bendisaya phaya kuwe, mfondini.”

“Nam, *sonny*, ndiqondile ukuba ndiza kuqala apha kuwe khe ndive ngale nto ikuxhalise kangaka de uze kundivusa ngentseni ndingekaxukuxi. Kha utsho, ibiyintoni kakade?”

Ube bucingisisa okwethutyana uSango oku komntu ongaziyo ukuba angawuqala ngaphi umcimbi: “Hayi ntanga, uze ungafi; undincede ungambuzi uthi uve ngam uThabisa ngale nto ndiza kuxelela yona.”

“Yintoni leyo, mfondini? Uyandoyikisa, yazi?” Ube bundweba enoloyiko naye uDezoks ngoku.

“No, *sonny*, lo mntwana uThabisa waqhingana nenye iponi yafa.”

“Yho-yho-yho! Thixo, yintoni le uyithethayo ngoku mfondini?”

“*That’s why* ndikuvukele ngentseni nje, ndizokutsheka.”

“Ke ngoku, ukuba bendifile nam Ibiza kundinceda ntoni into yokufika kwakho ngentseni?” Utsho ecaphuka uDezoks.

“Mfondini, khange ndilale tu phezolo, okoko ndicinga ngawe nale nto uzifake kuyo.”

“Into endizifake kuyo?”

“Le yokubamba le *cherry* uyokulala nayo kukho nesi simoko sayo ongasaziyo. Kodwa ke *mos usafe* nje ngoku, awenzekanga *fokol*, and umshaye ubusuku bonke.”

“He *maan*, ndiphantse ukufa; khona kha utsho, ihamba njani *maan* le *way* yalo mntwana?”

“*No maan*, le *cherry* yayidyola nomjita waseMaputo owayeze apha *ngespan*. Kucaca ukuba uthe xa egoduka ebuyela kwelakubo wamthiyisela emvala ngomthi nemela egotywayo lo mntwana ukuze angashaywa ngamany’amajita, *but* yena nanko edyola neny’iawuti; nqaku-nqaku, bangideka boyi-*two*.”

“And then?”

“Kaloku wakhala wancama loo mjita, no *my-sister* watsho kwatsha nelizwi elo; baphuma abantu babatsala-tsala, beqhingene oku kwezinja, beze-*bruts* njalo, bezama ukubaqhawula. Loo *owu* yaphum’igazi ngeempumlo neendlebe, yafela apho phezu kwakhe, waba uyaphuncuka naye ngaloo *way umaid* lo wakho.”

B

Ebuntwaneni

Amakhohlombe

Ngexeshana elalingephi phambi kokuba ndiqalise ngqa ukuhamba isikolo, ndikhumbula kufika ekhaya igquba lamaBhulu angalo zinkulu zinoboya, ebomvu oku kwabantu abahambe gqitha elangeni. Kwaqala kwakhonkotha uBobbyinja yasekhaya ngaloo ntsasa esenza isithukuthezi esingenasiphelo ejonge esangweni lokungena abahambi. Bankqonkqoza ngobukrwada obungathethekiyo, umama watsiba ukuya kubavulela esanxibe izambatho zokulala. Kungene apho izixhapothi zeengxilimbela zamadoda amhlophe amahlanu okanye emathandathu, enxibe iimpahla zasemkhosini exhobile. Oyinkokheli yabo owayephethe intongana yokwalatha, wathetha nomama owasuka wathi cebu emela bucala ukuze badlulele ngaphakathi endlwini. Baqalisa ugqogqo benqika oozikhabhathi, iiwodrophu, bekhangelana nangaphezulu kwazo, bekhangelana nditsho nangaphantsi kweebhedi. Baphuma apho ekhaya nezembe lokucanda iinkuni kwanebhoso lethu lokusika inyama elikhulu elibukhali ngenene. Yeyona nto yandihluphayo ke leyo, ndisazi ukuba luncedo kwezo zixhobo zokusebenza apho ekhaya.

“Bazithathela ntoni bezisaphi ke mama, sizakusebenza njani zingekho?” Ndibuziswe ngumothuko.

“Boyikisela ukuhlaselwa ngabantu bakaPoqo *neCongress*. Bathi bagqogqa yonke imizi elapha eLokishini,” uphendule umama ekhangeleka engonwabanga.

Andikwazanga ukuphinda ndibuze nangona umdla ndandisenawo, nemibuzo isaxananazile engqodweni malunga naloo Poqo *neCongress* zazisoyikwa ngaloo maBhulu. Ngeloo xesha kwakusele kunqabe nootata ababezizihlobo zikatata ababedla ngokuxoxa bange bayaxabana bephakamisa amanqindi abhontsi bakhombe ngemva besithi, “Mayibuye!” abanye bephendula besithi, “I Afrika!” Ngoku abantu abadala babesele bethethela phantsi behlonipha, besebeza nga “Lant’inkulu.”

Ngosuku olulandelayo umama usivuse ngentseni, “Mncedisi! Mpumelelo, vukani, vukani!” ndothuswe lelo lizwi libukhali lizele uloyiko ndikobunzulu ubuthongo, ndee khwaphululu ukuvuka. Phaya ngaphandle kwakuvakala izandi zeeteletele ezibaleka ngokungxama.

“Shh, yiva iitrektara esitratweni,” nditshilo.

“Asizotrektara eziya sidenge, *ziiSeracen!*” Itshilo leyo yasoloko isazi ingumkhuluwa, ndamangala ukuba yazi njani. Sikhawulezile nomkhuluwa lowo ukuhlamba ukulungiselela ukuya esikolweni. Siye sachitha loo manzi amdaka ebhafu lezinki edreyinini phambi kokuba sinxibe impahla yekhaki eneebhulukhwe ezimfutshane. Izihlangu zona besingekabinazo. Sidle isonka esimdaka salumela ngeti emnyama saza emva koko sangena endleleni sikhathshwa ngumama. Ndizibonile neezotrektara bezisenza loo mgqumo zidlula kuthi zitsho ngamavili entsimbi abutyathanga nombombo omde ongumpu ojikekayo ujonge macala onke.

Sothuke kumganyana othe qelele ukusuka ekhaya sakuphawula ukuba uBobby,inja yakowethu uyasilandela.

“Sibi! Hamba goduka!” utsho ecaphuka umama ukumgxotha, thina sancedisisa ngokumqwebisela ngamatye, sambukela egqotsile ukujika ebaleka. UBobby wayesoyika umama kuphela ekhaya, engenamsebebenzi nabanye abantu. Kwaye ingumama kuphela owayembiza ngokuba nguSibi.

Sifike kumgaqo omkhulu oyiNtshekisa uvalwe lityathanga lamajoni amaBhulu axhobe efe amacala ngemipu emide. Ndaba noloyiko ukunqumla apho ndicinga ngokudutyulwa, kodwa loo majoni amhlophe akasisanga so tu kwaphela, sawuwela umgaqo. Kwa ipolisa lomgaqo elimnyama elalisaziwa ngegama likaSibhidla, lisoyikwa kakhulu ngabaqhubi zimoto alibonakalanga ngaloo mini. Abantwana abadalana apha kum abangena mbeko babeye bamcaphukise ngokumkhwaza ubawo lowo bacule besithi, “Na’idada livul’iimpundu, uSibhidla uyalivuthela!” Ebezitsho ke izithuko ezibi ngoomama babobantwana equmbile. Abo bantwana ke bona babesuka bamwe ngesiqhazolo sentsini bebaleka bebheka phaa.

Sifikile esikolweni apho safikela kwigxudululu labanye abantwana abakwakhathshwa ngoonina, abanye bekhala besoyika. Umama wathetha notitshala omkhulu owayesaziwa ngokuba nguMnumzana uQeqe, owasithumela komnye utitshalakazi onguTsengiwe.

“Lo yena andiqondi ukuba sele ekulungele ukuqalisa isikolo,” watsho utitshalakazi lowo ejonge kum ebhekisa kumama. “Kha uqabelise ingalo yakho yasekhohlo ubambe indlebe yasekunene,” utshilo kum, ndenjenjalo. Isandla sam sekhohlo sayicupha nje indlebe leyo, andaphumelela. UMncedisi yena ukwenze ngokulula oko,

wamkelwa kwangoko. Wandicengela kwakuko umama de kwathiwa kuye: “Mshiye sakubona ukuba masithini na ngaye,” waba uyamkhulula njalo umama utitshalakazi.

Akuba emkile umama, utitshalakazi uTsengiwe uthe kwabo bafana nam bangena gumbi lakufundela apho esikolweni, kuba isikolo sasimagumbi asixhenxe kuphela, “Nina nonke sinifudusela ecaweni kwaDonki, eMendi Road. Kwelo gumbi lesikolo sasilindiselwe kulo ndaqaphela izindlu zeentaka ezazakhelwe kumaplanga axhase uphahla lwelo gumbi ngentla kweentloko zethu. Ndachitha ixesha elide ndibuka ezo ntaka, ndiqala kwa ukuzibonela kufuphi ngolo hlobo iintaka, ndaphulaphula loo ntyilo-ntyilo wazo kwada kwafika elo xesha lokuba siphume apho singuloo mngcelele usingise kwaDonki.

Sasishiya ngemva eso sikolo *saseLabour* bambi babesibiza ngegama *lakwaFord*, sihamba ngabane ngabane. Sishiye ngemva loo mizi yamaplanga besakhiwe embindini yayo isikolo eso. Saphuma apho kwisitalato *saseMabija*, sadlua kwesaseMarwanqa, saqabela iNtshekisa, saza sayigqiba yonke *iAggrey*, sagwejela eMbizweni phambi kokuba singene eMendi apho ibimi khona loo cawa yakwaDonki. Sifike apho sele lisondele ixesha lokuphuma kwesikolo, ndaye ndidinwe ndililaphu. Saye sisondele kumashumi amathandathu abantwana. Mnye kuphela omnye umntwana endandimazi endambona apho, uMthuthuzeli ka Gubayo emaCirheni, owayengummelwane. Ndandiqala loo mini ukuhamba umgama ovakala kangako ngeenyawo.

Ndabuya ndambalisela umama ngehambo yaloo mini, wakhangeleka othukile, wathi kum:

“Akubuyeli apho! Andinakho tu ukukuvumela uyekufunda apho. Uyakuthini ezimotweni? Ndikuyeke unqumle imigaqo eliqela ngolo hlobo wedwa?” wathetha ezibuza njalo engenamphenduli umama, engcwaba elo kamvanyana laloo mfundwanyana yam lisaqala. Ngalo lonke elo xesha wayexoxa nesiqu sakhe, wayesonge iingalo zakhe phezu kwamabele, ejonge kude enkalweni ngokunga andikho apho phambi kwakhe. Ndasigqibelisa isikolo ngolo hlobo.

UMncedisi ubuye yena ethe nqeke loo mazinyo makhulu ngathi ngawomvundla eyimivuyo wonke: “Jonga mama, mna ndibhalile esikolweni,” utsho ebonisa ngoo *a e i o u* bakhe abagoso kwelo phekepheke lakhe lesileyiti. Ayindivisanga kamnandi tu into yokuba ezakuqhuba nokufunda lo gama mna ndizakusala ndinguMahlalela ongafundiyo.

Utatomkhulu wam ozala umama yena ayimhluphanga kwaphela le meko ibingandonwabisanga. Bamvisa kamnandi ubukho bam ekhaya ngenxa yemisetyenzana andenzise yona efana nokupha iinkukhu amanzi nokutya, nokukhupha amaqanda ehokweni. Kwabamnandi mpela kum ukuhamba naye ngenqwelo yakhe yeedonki. Into eyathi yandonwabisa ngamandla yaba kukundwendwela kwethu kwiilokishi zabeBala nezamaBhulu, ngakumbi ngemiVulo. Abo bantu babesela utywala obuninzi bembodlela ngeempelaveki, aze utatomkhulu abahambe ezekuthenga kubo loo makhohlombe otywala ngemiVulo leyo. Ndaqaphela iqela lemizi eneefestile ezaphukileyo kuleyo yabantu beBala, kurhaneleka ukuba kwakusiliwa ngeempelaveki ezo, kophulwe ezo festile.

Apho sifike khona ebeqalisa utamkhulu ngokukhwaza athi: *“Empty bottles!”* Yeka ke ukukhawuleza ukuphuma oku kweembovane kwabafazi beBala nababeLungu bexhakazela naloo makhohlombe otywala azalise iingalo, bethengisela utatomkhulu. Ubeye amise inqwelo akhuphe ingxowa yemali abahlawule, mna ndihlohle ezingxoweni ndiwahlula-hlula ngokwemibala yawo amakhohlombe lawo. Wayesithi akudinwa kukukhwaza ajonge kum athi: *“Khwaza nawe jou sleg!”* Nam ke ndalinganisa ndikhwaza,

“Empty bottles!” Kwaba mnandi kum mhla ndaqala ukuthetha isiLungu ngolo hlobo, ingakumbi xa ndibona abo mama beBala nababeLungu bephuma emizini yabo naloo makhohlombe abo ngenxa yaloo mikhwazo yam. Loo nto yenza ukuba ndilibale ngokumonelana nomkhuluwa ngenxa yesikolo naloo magama akhe akekeleyo kweso sileyiti sakhe sicandekileyo.

Lo msebenzi sasingawenzi *eNew Brighton* nakwezinye iilokishi zabantu abamnyama kuba babengabuthengiselwa bona utywala bembodlela ngokomthetho wamaBhulu, bebanjwa ngamapolisa xa bebhaqwe nabo. Loo nto yenza ukuba linqabe okwegolide ikhohlombe lotywala ezilokishini zabamnyama.

Andiphelanga mandla ngenxa yokwahlukana kwam nesikolo ke noko. Ndaya ndazixakekisa ngokufundisa udadewethu ondalekelayo ukubhala amaqanda, nto leyo eyabanga ukuba oomakazi noomalume bam bandithiye igama lokuba ndinguTitshala.

Ngaphaya kwezitshixo

Bam – bam – bam! “Vula, vula!” Kwakhala amanqindi nezihlangu emnyango nasezifestileni ezinzulwini zobusuku. Amapolisa amaBhulu ayebaleka phambili, emva kwawo izizinja zawo ezingabantu abamnyama. Amtyhalela phaya kude utata angena onke endlwini emhlaba iimpama nezihlangu esanxibe iimpahla zokulala ezinemigca eluhlaza, enganxibanga zihlangu. Amrhuqela ngaphandle kanye ngelo xesha, ndaziva ndisoyika ndikhathazekile. Ndeva iingcango zentsimbi zomgqomo welori zivaleka mbakra ngaphandle apho, yagquma injini yayo, yaza yatsala isuka ngamendukazi akhalisa amavili.

Kwabanzima ukubuyela ebuthongweni kwakhona emveni kokuba emkile loo mapolisa. Into eyandihlala kakubi ngokungalibalekiyo ngamehlo katata awayewakhuphe onke entloko, ezele uloyiko nomothuko. Utata wayengelilo igwala, kodwa ubumhlophe bamehlo akhe loo mini ayechaza enye into endandiqala ukuyibona kuwo. Bamrhuqa oku kwenja enebhula elisela lamaqanda eyakubulawa ethafeni.

Umama wantantazela exakiwe ukuba angenza ntoni na. Ndavuka ndaphakama ndayakuma ecaleni kwakhe, nam ndixakiwe. Kwakuvuleke yonke indawo apho endlwini – iminyango neefestile. Umama wema apho emnyango kwigumbi lethu lokulala esithi: “Bamthathile utata wenu, kwa noThobile umnta’kwenu!” Watsho ewakhuphe entloko amehlo, ebambebele esidleleni.

“Ndibabonile, ndibone yonk’into!”

“Ubungalelanga na, Mpumelelo?” ubuzile umama.

“Ndivuswe kukungongoza kwabo iingcango neefestile. Utata bamthathe enganxibanga nezihlangu ezo, ehamba ngeepijama.”

Kwakusa ndifike esikolweni zithe ndii iindaba zokubanjwa kootata babanye babobantwana baseklasini. Sibaliselene ngendlela ababanjwe ngayo abazali bethu. Eyona nkwenkwe yayinkulu kunathi sonke apho eklasini, uBudge Tshijolo, wasibalisela ukuba naye bazamile ukumbamba kodwa wakhala unina enqanda ebaxelele ukuba unyana wakhe lowo usengumntwana wesikolo. Seva kwangaye ukuba bonke abo babebanjiwe

babengamavolontiya ombutho *weCongress* namalungu ombutho kaPoqo, esithi bonke bazakuthunyelwa esiqithini *saseRobben Island* ngamapolisa.

Wangena, efika kanye ngelo xesha utitshalakazi wethu uNkosazana Mpathi wathi,

“Ndincedeni bantwana, tshayelani nicoce igumbi eli neefestile, ndiyahamba ndiya entlanganisweni yootitshala nomhloli. Ndifuna ukulifumana eli gumbi libeth’umoya ukubuya kwam. Wena Tshijolo ndikushiya njengamntu wokugcina ucwangco, undibhalele abenza ingxolo.”

Asilibazisanga, thina makhwenkwe sancedise ngokubhekelisa izihlalo ukuze amantombazana akwazi ukutshayela ngaphandle kokuphazamiseka. Ithe enye intwana esileyo, ihleba enye intombazana ebusifomborha, embana, ingumnyewu ongenazihlobo: “UNogari lowa unooHili!” Sabesiliqela lamakhwenkwe athi ahleka kwelo qela.

Ngokulindelekileyo, uNogari akayithandanga loo nto yokuhlekwa kwakhe. Yaba lilishwa lam ukuba akhethe ukonda ngam kuye wonke umntu owaye elapho, wafika wazikhelela ngamanqindi kum esifubeni apha. Ndazama ukumphotha iingalo, ndiphepha ezo zithonga zakhe, sajjisana saya kuwa phantsi, saqengqana kuloo mgangatho wesamente ekrwada. Ibe seso sankxwe besigxwala abanye abantwana bekhuza loo mlo wethu nooHili. Andizi kuphosisa, yandifikela ngenene yandihlala loo ngcingane yokuba hleze ithi kanti ngenene loo ntombazana inamahlakani angooThikoloshe, ndathanda ukuba nokutyhafa luloyiko. Kwakhawuleza kwa uBudge ukusahlula nokuphelisa loo mlo, endisindisa kwaboHili baka Nogari. Into engakhange ilibaleke kum livumba laloo ntombazana, wena wakha warhiwula isaqhunge seentsiba zenkukhu ezifunyenwe ngamanzi abilileyo. Ngethamsanqa akubanga kudala ngaphambi kokuba siphume isikolo.

Ndaya ndakhawuleza ndahamba phambili ukugoduka, ndibaleka ukuhlekwa ngabanye abantwana ngendaba yaloo mlo. Into eyavela yandothusa yaba yeyokufika utata ekho ekhaya ebuyile etrongweni emva kokuthathwa kwakhe ngamaBhulu. Ubuso bakhe babuxhappe iindevu eziqathalala, efana nomntu wasemzini endingamaziyo. Wafana nesimumu, enqatyelwe ziindaba. Ndandinethemba lokuba uzakusibalisela ngonopopi wamaBhulu wodumo owaye ebabazwa ngokunkula ngamanqindi amabanjwa ezobupolitika

afikayo etrongweni, kodwa akatsho nento ukuvula umlomo. Wayesanxibe ezo mpahla zakhe zokulala wayebanjwe ezinxibile, amehlo akhe ebomvu, ekhangeleka ediniwe.

Uvakele umama ekhala emjongile esithi:

“Yhu – yhu – yhu! Hayi kha ukhulule loo mpahla uhlambe, zange ndayibona into enje!” Ukhawuleze umama wampompa iprayima stofu ezakumisa amanzi okuhlamba, emana ephosa iliso kwelo cala abehleli kulo utata.

Ngosuku olulandelayo uThobile naye ugalelekile ebuya etrongweni. Yena akafananga notata ngoba wayeqavile, echwayitile, ehleka, amehlo akhe ekhazimla. Kodwa ihle yakhawuleza yaguquka inkangeleko yakhe oku kokutshawuza kombane, wabuqumba, wavukwa yintlamba, sele ethukisela ekhala ngamaBhulu amdaka, akhohlakeleyo. Ilizwi lakhe lalibungcangcazela ngumsindo, enga ufuna ukulila. Kodwa, ethubeni ube wabuxola, wadamba umsindo wakhe, wancokola nje ngesiqhelo, eqhula. “Ndibuyile, futhi ndiyavuya ndibuyile,” utshilo ekugqibeleni.

Ndasondela kancinci kuye ndifuna ukuzibonela kakuhle amaqhuma neenduma zokungonjwa kwakhe ngulaa nopopi wamaBhulu, kodwa andabona namkrwelwana uluphawu lokuqhokrwa kwakhe.

“Ndicingela uMpara noKholiwe, basavalelwe bona nangoku. Mhlawumbi nabo bazakuthunyelwa esiqithini *eRobben Island*. AbeLungu bam basehotele ndiqinisekile ukuba ndithethelelwe ngabo ngokuchaza ukuba bendisoloko ndiphangele ngalo lonke ixesha leentlanganiso abatyholwa ngazo abanye.

Utata uphindile waseshweni ngokuthi abanjwe ngamapolisa ndimthe ntshoo ngala wam amehlo ngomnye uLwesihlanu. Ndandiphuma esikroxweni sakwaTono nomalume wam uCwaki apho sasithunywe khona iswekile. Sabona ngomgqomo wamapolisa ngobo busuku umisa kanye xa ubusazakudlula kwinene elalithe ncothu ngesithomo, linxibe idyasi ende embala wegqabi elitshe lilanga, nomnqwazi wohlobo lweStetson. Ubawo lowo wayedlula phantsi kwesibane somgaqo esahamba ngokuzimisela ukumisa kwamapolisa lawo. Ehla buphuthuphuthu kuloo mgqomo onda ngaye, “Xhakamfu!” Ajijisana naye, yanguphantsi – phezulu ezama ukumrhuqela ngemva kuloo masango avuliweyo entsimbi. Walwa kanobom nawo engafuni kunikezela tu, kodwa kuba wona ayemathathu kwabonakala ukuba

ayamongamela ngamandla, ekhwaza esithi: “Khwela, khwela!” Uthe akujika ubuso ejongisa ngasesibaneni wathi uCwaki,

“Ngubhuti lowa ubanjwayo!” Ndiye ndajongisisa nam, ndangqina ukuba ngenene ngutata lowo ulwisana namapolisa.

Amgibisela kakubi ngemva ngaphakathi emgqomeni, ndeva isithonga sokuntlitheka kwakhe ngentloko, kwatsho kwasika ngaphakathi entliziyweni kum. Ngalo lonke elo xesha umLungu oqhuba umgqomo akazikhathazanga, eyekele kuloo mapolisa akhe amnyama ukuba aziqhubele loo msebenzi wawo ungcolileyo. Ndomelwa ngamathe ndikhathazekile emphefumlweni nguloo mbono, amehlo am etshiswa ziinyembezi endandizibambe ngeenkophe. Ukubukela utata efunqulwa oku kosana, elahlelwa ngaphakathi kuloo lori okwepasile yeposi emva kokukhonkxwa ngeentsimbi zeengalo, kwandilalisa nzima ubomi bam bonke. Wayitsala usajini womLungu eqhumisa amavili ukusuka apho esiya kuvalela utata etrongweni.

Sibalekile noCwaki sayakungena sigilana simaphikana ekhaya sikhwaza, “Ubhuti ubanjiwe!”

“Owu, kwakhona?” Wothuke ngolo hlobo umama akuva ezo ndaba. Ukhawuleze wahlala phantsi, wazigquma ubuso ngefaskothi yakhe. Uhleli ngolo hlobo ithutyana elingephi, wakhawuleza wema ngeenyawo, amehlo akhe ebomvu, ekhangeleka ebudinwa. “Akungencedi nokuya kumhlawulela ukuze akhululwe, bayakumkhupha ngoMvulo ngoku. Khona ndiza kuyifumana phi loo mali-ntlawulo iziiponti ezintlanu?” Ungene egumbini labo lokulala, ndamva ezithethela esithi, “Ziiponti ezimbini kuphela eziyimali yerente ezisaseleyo kuloo mvuzo weveki katata wakho. Mandiye ekhaya, mhlawumbi utata anganayo le mali,” uphume ngomnyango esenza isingqala esinzulu, nam ndamlandela ukuya kuqabela elucingweni, endleleni eya kwatatomkhulu.

NgoMvulo ndabuya esikolweni ndamfumana sele ekhona ebuyile etrongweni utata, encokola nomama. Kodwa noko ebedlamkile kwesi sihlandlo, engafani namhla wabuya ukuqala kwakhe ukubanjwa ngamaBhulu. Ndaziphosa kuye ndiyimincili ndonke, ndathi:

“Ndikubonile ngokuya ububanjwa ngamapolisa!” Ndathi ukuba nditsho ndambona ebuxhuma ngathi uhlatywa ngunotaka ezimbanjeni.

“O...” Waphendula njalo waphelelisa, wajonga kude oku komntu lo oneentloni, wakhawuleza waphakama waya kuphuma ngomnyango.

Ekhaya eBhayi

Ngexesha leziphithiphithi ezakhokelela ekubanjweni kwabantu ngamaBhulu ngenxa yokuzayamanisa kwabo nomzabalazo kaPoqo *neCongress* nogwayimbo emisebenzini olweza neuniyoni kaMasabalala eyayisakwaziwa ngegama leIndustrial and *Commercial Union*, utata wapheliswa ngumsebenzi kwifektri yeelekese *yakwaAlgoa Sweets* eBhayi apho wayengomnye wabameli babasebenzi. Emva kokuquqa eluvalelweni ubuye wangumntu ophelelwe zizihlobo kuba abona bantu babesondele kuye babesele bevalelwe esiqithini *saseRobben Island* ngelo xesha.

Akubanga thuba lide ehleli ekhaya phambi kokuba afumane umsebenzi evenkileni yokutya yamaJuda *yakwaldeal Bazaar*. Wathi kungekudala elapho umLungu wakhe wamthumela kwelinye ishishini lesizalwane elikwanjalo *eBerchins Stores*, eWestern Road, apho wayezakuthutha ehambisa ukutya emizini yabeLungu eyayikufuphi kwalapho. UmLungu walapho wayesaziwa ngegama likaBergman. Ndaphawula ukuba ngoku ungenwe ngumkhwa wokufika ebusukwana kunakuqala ebonakala ukuba urhabule mpela. Ndamfumana engumntu ngoku osoloko eyimvuzemvuze ezele uncumo, engenwe kukuthanda ukuziculela iingonyana ezingena ntsingiselo, ethethela phezulu. Waya wangenwa ngoku kukudla inyama kuphela xa ikho, okunye ukudla okungeyo nyama akuphe thina bantwana.

Kwakungelo xesha kanye apho umama walekelisa udadewethu oza emva kwam kwangomnye umntwana oyintombazana, wamthiya igama lokuba nguNomonde. Ngelishwa, kwaba kanye ngelo xesha umama ebesengumdlezana apho wathi waxabana nomkhuluwa uThobile waza wambetha ngephini lokuzamisa imbiza, wabaleka wemka uThobile. Wathi akuba ebuyele ekhaya emva kwethutyana kwacaca ukuba akasazimisele mpela ukuphinda abe luncedo apho. Kanti ke ngaphambi kokuba yehle le ntlekele yayinguye owayengumxovi wesonka nomsili wamarhewu kolo sapho lwethu, emphumza kakhulu umama ngalo misetyenzana. Loo nto yayingathethi ukuba wayevulwe yedwa ngomsebenzi ngoba nam nomntakwethu, uMncedisi, sasisebenza sikorobha umgangatho weplanga wendlu, sihlamba iifestile sisebenza nasesityeni phandle. Zafika zona iindaba zokuba uThobile lowo uqalisile ukulwa ngebhoso nabanye oontanga bakhe phaya esithubeni, kwaye wayesoyikwa ngamanye amakhwenkwe ekuhlaleni.

Utata waqonda ukuba uThobile makafune umsebenzi aphangelele ukoluka. Hayi ke, akukhange kube kudala ngaphambi kokuba awufumane umsebenzi ehotele yaseMarine eSummerstrand, yamnceda kakhulu loo nto. Ukhawuleze wabonakala elinene elizithandayo ezithengela iimpahla zokunxiba kwanomnqwazi. Wabonakala etshintshile mpela ngenkangeleko, etyebile ekhanya nangebala esempilweni entle. Kuvele neefoto zakhe namantombazana wakhe, bewafote kwaGovan, umfoti, eDassie. Kuthe kuba ilishwa likaSathana likholwa ngumntu ozizamayo, kwafika isigidimi esibika ukuba nako-nako uThobile ephuke umlenze emsebenzini, kodwa egadwe ngamapolisa esibhedlele. Yasenza sathi xhungu sonke silusapho loo nto, ingakumbi le ndawo yamapolisa.

Wayilandela utata le nto waza wabuya nazo kumama esithi: “Tyhini Nofikile, yazi ukuba le ntwana uThobile yathi sele itshayisile emsebenzini yabuyela ekhitshini lehotele ngokuthi irhubuluze ngesisu esilingini, yayakuba inkukhu epheleleyo evuthiweyo. Ilishwa layo ibe kukugrabhuka kwaloo silingi yehotele, bhodlo! Yaya kuwela phezu kwabeLungu le ntwana naloo nkukhu. Ewe, yinyaniso eyokuba ubanjiwe, ujongwe lipolisa phaya eLivingstone apho aqanyangelwe khona edityaniswe nebhedo ngeentsimbi zamapolisa.”

Wathi akuphila emlenzeni uThobile amqhubela eziseleni amapolisa akugwetywa ngumantyi iinyanga ezintathu ngaphakathi. Wazithothoza ezonyanga wazigqiba wabuya. Akuba ebuyile wakhunjuzwa ngutata ukuba wayethunyelwe emsebenzini ukuba aye kuphangelela ukuqweba imali yokwaluka, hayi ukuyakubela abeLungu iinkukhu zabo eziqhotsiweyo. Wabonisa ukudana okukhulu, waza wathi akufumana ezo malana zazimsalele emsebenzini woluswa ngazo. Waba nethamsanqa lokuba kubekho untanga wakhe, uBhaba, ongummelwane owalukayo kanye ngelo xesha, baza bangena kunye. Kwaba kungona ayibalisayo uThobile into yasetrongweni ngelo xesha angumkhwetha, esithi:

“Ndaba nethamsanqa lokuthengwa ngumLungu owayengumfama, ndazibhantintela apho efama ezo nyanga, ndigadwe ngumfazi waloo mLungu owayelunge kunene. Ndathi ngenye imini sele ndinenyanga ndisebenza apho umLungukazi wandibona ndiphakama ndisakha umkhanya ndijonge kude lee kwelo cala laselokishini, wandibuza ukuba ndibona ntoni na. Ndamphendula ndimolathisa kwicala lelokishi apho kwakubonakala qelele phaya iqhina elikwindlela engena elokishini, kunyuka

khona apho ibhasi. Ndathi kuye, “Ndihlala kufuphi nalapho ibhasi leya ihamba khona’, ndabona kwangoko ukuba unosizi ndim.”

Yaba ndim noMncedisi amanqalathi abathuthela ukutya esuthwini. Ngosuku lokuqala ngqa ukusa kwethu ibhekile apho asizange sibuthi rhwe ubuthongo ngenxa yeenkunzi zezigcawu ezikhulu ezibomvu ezinoboya ezibizwa ngokuba ngooRomani. Kwakucaca ukuba ibhoma elo lalakhelwe phezu kwenesi yazo. Hayi ke mntakabawo, yeka ukubasa kwethu apho siqhumisa into engapheliyo simi ngeenyawo. Ndaqala ndazisola ukuba ndandisiya phi apho. Apha ebomini akukho nto idlula izinto ezirhubuluzayo ngokoyikeka kum. Ungazicingela ke ukuba yayindimise njani loo meko yobo busuku kwelo phempe labo bakhwetha babini. Okukhona sibasa yaba kukhona zithululeka ezo zigcawu ngathi zibizwa kanye nguloo msi. Kwasa ndihleli apho.

Kona ukusa iibhekile ezo ebakhwetheni ndandingakuchasanga, kodwa ndazixelela ukuba nakanye ukuba ndibe ndiphinde ndilale apho. Akukho nto imnandi esikhwetheni nje ngale yokongula ibhekile yomkhwetha. Iyakhuthaza kakhulu loo nto. Ngendakuyeka zibekwa ukuya kwelo bhoma ukuba wawungekho loo mthetho wokongula. Into eyayixaka apha ekonguleni yile yokuba inyama ingongulwayo yona. Loo nto yayindixelela ukuba umkhwetha angabulawa lula ngenyama, asinde amanqalathi.

Ngaphandle kokonwabela ukongula zazikho ezinye izinto ezazibanga ukuba ndingakuchasi ukukhankatha. Umntakwethu kwacaca ukuba kuninzi awayekwazi endandikuzibula. Nguye owandifundisa ukomba ingcambu efana nqwa netapile okanye ibhatata ezele mome ngamanzi amnandi. Loo ngcambu wayeyibiza ngokuba ngubharu. Ibonakala phezu komhlaba ngegqabi eliluhlaza elibumsonto. Enye into engalibalekiyo awandifundisa yona yeyokuba iimbovane ezinkulu ezimnyama ezinengcwangu ukuluma oku xa unyathele endleleni yazo, zinobumuncu obuhlasimlisayo xa uziluma iimpundwana ezi. Sasichitha ixesha ngolo hlobo endleleni egodukayo mihla le ukubuya esikhwetheni.

Phakathi kwiveki yesibini yokoluka kwabo, abakhwetha bojiswa. Hayi ke andithethi ngendlela ekwakumnandi ngayo kum ngoko. Zonke ezo ntsuku zaloo veki inyama yayisitsho njalo ukuze ide igqitywe ingekonakali. NooRomani ndandingasenaxesha labo ngoku. Kwakutya oko kwabakhwetha kwakuxhome umgangatho kunoko kweveki yokuqala kwakungena tyuwa.

Utata wayengaxhaphakanga apho esikhwetheni. Yena wabonakala ngelo xesha lokojisa nasekuphumeni kwabakhwetha. Wabamkhulu loo mgidi wabo bakhwetha babini bamakhaya ameleneyo, kuxhelwe macala. Umkhwetha ngamnye wangcamla umkhono wakhe, loo nto yenza ukuba sisikelwe macala nje ngamanqalathi, mna nomkhuluwa. Ukuze uqonde ukuba wawumkhulu loo mcimbi, kwada kwalwa namaxhego amabini apho oobawo uKhushe noHlathi. “Andinakubethwa nguKhushe!” lakhala elo linguHlathi liphum’iinyembezi kodwa lisayiphethe ngesandla inyama yalo. Andingeze ndikuxelele nokuba yayintoni isizeka bani somlo lowo. Kodwa ngokuqinisekileyo umsebenzi lowo wona wawuvumile.

Mandikhe ndizobe loo mini ngokukunika umfanekiso weziganekwana ezakhokelela kuloo msitho: Into yaqala kwangobusuku obandulelayo. Sacula ubusuku bonke sibase igqange lomlilo wamatayara emoto. Sasisazi ukuba kwasemva ekhaya kwakuyiloo ngoma yabantu abatsha ababetshayelela belinde ukufika kwabakhwetha ngentseni yangomso. Bona ke babehleli kamnandi besidla iziphakathi zezobhokhwe zaziwisiwe, besela neendywala ezazisilelwe loo mcimbi. Abantu abadala bona bakhawuleza bagoduka emva kokufumana kuloo nyama neziselo zokuthoba, beshiya ulutsha lodwa. Ubusuku babuyintombazana, amazulu ecwengile, iinkwenkwezi zithe saa qhekre okweedayimane eziphoswe ngaphandle kwenkathalo phezu kwetafile zintlithwa yintlantsi yelanga. Babekho nabanye abakhwetha kwamanye amaphempe ayengekude apho kuthi besenza eyabo intsholo eyayingahlukanga kuleyo yethu.

Ngentseni yosuku olulandelayo bavuka abakhwetha emva kokuthi ngqwaa kancinane bazilahlela phaya kude ezo ngubo zabo, bagqotsa ukuya kuziphosa esizibeni somfula waseGreystad besiya kuhlamba ifutha. Sashiyeka thina siwuvuselela ngamatayara umlilo ukuze babuye oondoqa bothe ukuzama ukuzomisa. Seva ngamakhwelo ukuba babesondele oobawo nabanye ooNcentsa beze kuthambisa abakhwetha ibhotolo, babakhulule. Bathi ukusondela kwabo seva bedumisa abakhwetha: “Makwedini! Makwedini! Imbabal’iyay’iphamb’inja!”

“Ngqeziyaa!” baphendula abakhwetha bengqokola.

“Inyama yinyo, inkanda lihleza!”

“Ngqeziyaa!”

“Makwedini! Makwedini!”

“Ngqeziyaa!”

Bathe ukufika kwabo apho ebhomeni lathi ikhankatha ebelikade libonga, “Wisani makwedini sibone!” Basondele ootata bazoneza ngokuzibonela ukuba ngenene abakhwetha abo babephilile bekufanele ukugoduswa. Yaba ngutatomkhulu onikwa iwonga lokuba ngumthambisi wabakhwetha nje ngamntu owayeziphethe kakuhle engazanga wenza manyala nazinto ezizintloni phakathi kwabantu. Wabaqaba elowo ngesitena sebhotolo yoqobo ngaphambi kokubathwesa iingubo ezimhlophe zeNgcawe. Bathe nje ukugqunywa kwabo imizimba ukuya kuqabela entloko latshiswa ibhoma nayo yonke into eyayilapho, lakhokela inqalathi, uMncedisi ukuphuma. Bakhwaza abantu abadala:

“Ningabheki! Jongani phambili!” Baqalisa bona umdlalo weentonga nabo bebheka phaya belandela ngemva. Abo babengenazintonga baphahla amakrwala nabo besingise ngasekhaya.

Oomama ababelinde ekhaya baqokelelana ndawini nye babetha iingqongqo beyiyizela besithi:

“Halala! Ifikile imini ebikade ixelwa! Ukuzala kukuzolula!” Wavakala omnye umama ebhekisa kumama ekhwaza:

“Vuya Nofikile nawe namhlanje, ngoku ulizibazana!”

Amabhabhathane

Ngenye intsasa yehlobo ndimfumene umkhuluwa wam nomhlobo wakhe uZwayi bemaxhaphetshu, bexakekile bezingela esitiyeni sasekhaya. Ndibone kwangenkangeleko emehlweni abo ukuba ngenene bazimisele, kwaye bengenaxesha lam. Ndiye ndema okwexeshana ndibukele, ndimangalisiwe.

Ndiqaphele ukuba esisibini sizingela amabhabhathane. Ndibone uhlobo abathi bawalandele, bewachwechwela ngokuthe cwaka amabhabhathane la bevule iziqwengana zamabhayana ezandleni zabo, baze bathi xa lihlala phantsi okanye ngaphezu kwenyatyambo ibhabhathane elo batsho ukuziphosa phezu kwalo. Amabhabhathane la ahlakaniphile, kwaye anamendu adlula awomntu. Ibisithi indoda yakuziphosa suke ibhabhathane liphume bucala, isale intlaleka yodwa inkewu leyo kabuhlungu.

Ngelingeni ndibukele ndiye ndabuza apha kuZwayi, andabhekisa kule yakowethu:

“Khaw’utsho, Zwayi, amabhabhathane la niwazonda ntoni?”

Ubuye wema uZwayi, wandiphendula engandijonganga kuba iliso lakhe beligxeleshe ibhabhathane elikhulu elimibala iluhlaza, mhlophe namthubi:

“Sizakuzihlikihla ngawo apha ngaphambili amazantsi esisu la ukuze nathi sikhule uboya nje ngabantu abadala.”

Hii!

“Kanti abantu abadala aba banoboya ngaphambili kumazantsi esisu esi?” Ndibuze ndinomothuko omkhulu ongazenzisiyo.

“Ewe, kuthiwa zizenza,” uphendule engandijonganga urheme elungisa ibhayana lakhe, elungiselela ukutsibela elinye ibhabhathane.

Ndikhe ndema nam ndiyihlafuna le mpendulo yalo mfo ndingayikholelwa. Kodwa ndiqondile ukuba nam ndiyazifuna, kuba ndifuna ukufana nomntu omdala. Ndikhawuleze ndabashiya abazingeli abo ndisiya kuzikhangelela elam irhonya lokuphosa phezu kwamabhabhathane lawo ukuze ndiqalise nam ukuzingela.

Ndibuyile ndawafumana la mabini sele ebambisile; iibhulukhwana zawo zekhaki ezimfutshane zisemadolweni, engahlikhleli-nto zalomhlaba. Ndikhawuleze ngoko-nangoko ndaqalisa elam iphulo lokuzingela. Hayi ke mnta-ka-bawo, yeka ukuzinkula kwam ndiziphosa ngapha-nangapha, engceni, phezu kwamatyholo, nangaphezu kweenyatyambo, nditsho mna nezo zinameva. Uyazi ukuba xa umntu efuna into ngenene nangenyano, uyazinikela de abanye abantu bambone nje ngoshiywa ziingqondo. Kwakunjalo ke mnta'sekhaya nakum lo. Lalilinye: ndiyazifuna, qha ke! Ngobo busuku ndalala ubuthongo obufana nqwa nobesidumbu; ndilibele nokudla naloo sophoro yam.

Ngosuku olulandelayo ndithe ukuvuka kwam nde ntle ngombono oncumisa kunene. Ndibhaye ngaphakathi apha endlwini kwirhadeyini le yefestile uhlobo apha lwebhabhathane elikholwa kukudlalela esibaneni ngokuhlwa'apha, abathi ngesikhumsha yimoth ukulibiza. Nqaku! Ithe ilaba-laba, ndatshela kuyo kanobomi, ndayifaka epokothweni yebhulukhwe, ndakhawuleza ukuphuma endlwini apho, ndaya kutshona kwigunjana langasese elingaphandle kwendlu. Ndiyiphose emaqatheni ibhulukhwana yam enesinqe selastiki, ndahlikhla kanobom, ndithi mna, lavuthuluka mpela ibhabhathane elo. Ndiphume apho nditsho ngento enkulu yoncumokazi.

Ndiphindele ngaphakathi endlwini ndizimisele ukuwagqogqa ndiwagqibe onke amagumbi endlu leyo ndizingela la asendlwini amabhabhathane ndiwafumene esisisulu. Le ingumkhuluwa ivele xa ndihlasela elesithathu okanye elesine, ndinemincilikazi engenakulinganiswa; wayigxobha yonke loo nto eyiphosa emanzini amdaka.

“Hayi, sidengadini, asilobhabhathane elo! Ayisebenzi loo nto!”

“Libhabhathane neli, tyhini! Liyasebenza!” Ndiphikise, ndinkaniza ndenjenjalo.

“Asililo, ungabuza nakuZwayi...”

Khange aligqibe, ndiphume apho ngomkhulu wona umsindo, ndicaphuka, ndonda ngegunjana langasese eliphandle, ndafika ndahlis'ibhulukhwe, ndahlikhla kanobom ngawona mandlakazi angathethekiyo oku koMtyholi. Ndawavuthulula azintswazi loo mabhabhathane. Tyhini le! Xa enokuthi alusebenzi lona olu uhlobo. Adalwe nguye kakade amabhabhathane la kaThixo?

Ndibuye ndabafumana bekunye noZwayi kamnandi, ndabancwina: “Kakade, yitshoni, buphi ubungqina benu bokuba abantu abadala banoboya ngaphambili; kutheni ndingazange ndabubona nje, nabo ndingazanga ndababona bezihlikihla ngamabhabhathane nje?” Iya, ndabona nje ngokukhupha kwazo amehlo entloko ukuba ndizifumene, zikhonxekile.

Zisuke zayana nje ngamehlo, zaxakwa kukundiphendula. NgoMgqibelo waloo veki kwafika kumzi omelene nasekhaya ubhuti Mankoloyi osisizalwane salapho esinxilayo. Kwatsha; yangen’intak’endlwini! Lo mfo ebembi, emnyama oku koMankalanyana wamalahle, eyi loo nto ixhapse iindevu ezikwamnyama njalo, enamehlo abomvu. Ndimbhaqe ngaloo njikalanga kamnandi loo bhuti elele ehluthi isisu sithe mpu butywala ekuthiwa sisikhephe, enxile eyipapa; erhona ubuthongo bengcwaba. Ndibaleke ndagqotsa ukuya kulanda uZwayi nale yakuthi.

“Nal’ithuba, masibone apha kuMankoloyi lo; kamnandi unazo neendevu!” Nditshilo kuzo ndiyimincili ndonke.

Ziye zema ezi zimbini zandijonga zisoyika. Kodwa side saya, safika uMankoloyi selevuza izincwe kukunxila nobuthongo; ndaqonda ukuba sizakubona kwanto, hayi uboya nje bodwa. Ngoku sendifuna nokubona kwa umpipi womnt’omkhulu; nditshilo kuzo. Kodwa ke inqashi ibe yibhukukhwe kaMankoloyi ye *jeans*. Le bhulukhwe yakhe yayiluhlobo olwalusakubizwa ngokuba yi *dungaree* ngezoo mini; inamaqhosha entsimbi omelele kunene. Ziwazamile ke loo maqhosha ezi zindala kunam, zatsho zancama; nam ndikhe ndathathisa ndilinga, suka ndabona ukuba ngathi angasika nalaph’eminweni le.

Kuthe ndisaxakekile njalo ndizamana nale tyheliphu yalo mfo suka wevumbululu uMankoloyi lo, embi enjalo, elelo zimu linentshebe evuza amathe. Ndothuka ndayakuwa ngomqolo. Ndithe ukuphaphama kwam apho, suka ndaxel’igeza; sele bengasabonakali nangomtshi abakhuluwa bam abo. Ndithetha ukuba mna andizanga ndazithi tshe tu ezo ntsiba zamaphambili zabantu abadala de ndamdala nam...

Isipho somLungu

UMzala wavuka ngenj'ixukuxa ngomnye uLwesihlanu njengoko wayesele ezilungiselele ukwenjenjalo kwangephezolo. Waqala ngokuvulela unomathotholo wakhe ophathwayo osecaleni kwebhedi yakhe, wakhala umculo usithi: “Vukani vukani sekusile bo, vukani vukani sekusile bo. Na’iqhude lisithi kili-ki-ki-ki; nal’iqhude lisithi kili-ki-ki-ki. Vukani vukani...” Uqhube njalo unomathotholo ngaloo mculo etshayezelela umsasazi esiza neendaba zokuqala zaloo ntsasa. Uphakame apho emmandlalweni wonda geprayima stovu wayipompa ngokunga uxabene nayo, wamisa amanzi okuhlamba nokuphunga.

Wathi ukugqiba kwakhe ukuhlamba nokuphunga wanxiba, waza wakhupha ipasi lakhe epokothweni engaphakathi yedyasi yakhe walinqika. Ukhe wema umzuzu eliphethe njalo elikhangele, wakha wacinga: “Ndiliphathe, ndilishiye – hayi mandilishiye.” Eso sigqibo sakhe sokulishiya ngemva waye esithathiswa kukuqonda ukuba kwakusekulithuba wagqibela ukuhlawula irhafu yalo. Uzive sele ecinga esithi: “Ndaliphatha, andaliphatha kuyafana nje, izakundibambisa loo nto.” Amapolisa kaSotewu ebegqugqisa ngooLwezihlanu aba. Ebebamba abashushu besele kuba bomkele imivuzo yabo yempelaveki, nabangenamapasi kanti nabanawo kodwa bengawarhafelanga.

Uphume kuloo mzi wakhe oseMaplangeni uMzala wakhawuleza ukunqumla isiporo sikaLoliwe, waqabela idada elinganeno komfula waseDassie esingise kuloo mzi waseDeri apho wayesebenza khona. Wothule umnqwazi wazosula ukubila kuba ebekhawuleza ukuhamba oku, ezama ukufika emsebenzini engekabhadwa polisa kuloo ndlela. Wathi akuqabela umzila omkhulu onyakazelayo weCommercial noko zehla izibilini, wafumana ukuphola emphefumlweni nasengqondweni.

“Sii, madoda,” utshilo kwamanye emsebenzini xa bekhulula ezasekhaya ukuze banxibe ezomsebenzi, “inzima mpela le ndaba yepasi, indoda ihamba ibhekabheka okwekati yemboleko ikhangela uSotewu.”

Uyisebenze loo mini yada yayakufika esiphelweni, wamkela nomvuzo wakhe weveki, sele elibele ngamapasi namapolisa, wacinga ngoku ngamatyala akhe azakuwahlawula.

Ngexesha lokutshayisa emsebenzini malunga nentsimbi yesihlanu uphume wasingisa ngasekhaya enamanye amadoda. Indlela ahambe ngayo ibe kwayileya ebeze ngayo kusasa.

Ngelo xesha besele kunyakazela ngabantu abaphuma bengena ezilarheni nasezivenkileni zooSorhali, bambi benikela kumaLawu ukuze abathengele utywala ezinkantini kuba abaNtsundu bengena mvume yakungena apho ngokomthetho. Ingxaki yokokuthengelwa yayiba yeyokuba amapolisa embamba umntu omnyama nangokubuphatha oku. Indoda kunyanzeleka ukuba ibufake phantsi kombhinqo okanye ibubeleke emqolo ngaphantsi kwebhatyi. Uthe akuthi gqi ngakumzi obhaka isonka wakwaBrito wabona isiqhu sabantu sichithakala ngokungxama okukhulu, kodwa bakhona abasamileyo benze umngcelele. Inggondo ithe makasondele ukuze azibonele ukuba umngcelele lowo ngowani na, wasondela kuwo.

Wothuke uvalo lwamminxa umqala uMzala akuphawula ukuba onke loo manene enze loo mngcelele akhonkxwe omnye komnye ngeentsimbi zamapolisa. Amanye apho ebekhwaza abadlulayo ababaziyo besithi:

“Uze uxele phaya edladleni ukuba ndiphakiwe!”

Uthe akuphosa iliso apho entloko yelo tyathanga wabona ngomdak’omnyama wexhwangusha lepolisa ebelisoyikwa kakhulu liBhayi elo lonke elibizwa ngokuba nguJoburg. Ubheke kanye ngelo xesha uJoburg, amehlo abo ahlangana oku kwalawo erhamba ehlangene nawebuzi.

Wakha weva kuncokolwa uMzala ngamanye amarhumsha esithi anomrhano wokuba uJoburg lowo ngahle unomthi wokubamba abantu abagcine ndawonye de kufike umgqomo wokuwasa etrongweni. Uthe xa eqalisa ukujika efikelwe yingqondo ethi makasabe apho, kwabe kumisa loo mgqomo wamapolisa uqhutywa yisajini yeBhulu ize kulanda loo mkhosi ukhonkxwe nguJoburg.

UMzala uzibhaqe emi bhungxe phakathi koJoburg nomngcelele wakhe nomLungu nomgqomo wakhe, oku komntu oseliweni elinengonyama ngemva ejongwe lulwandle emazantsi kwelinye icala. Ubabhaqe bethetha ngamehlo usajini noJoburg waqonda ukuba zingaye. Akalibazisanga, utsibe oku kwembabala wasik’umoya ewela loo mgaqo uphithizela zizithuthi esingela ngaseludadeni olunekwari yomzi wesamente wakwaPPC, ezibelekile iinyawo.

Uve nje ngezingqi emva kwakhe waqonda ukuba omnye waabo bakwaSidlodlo akakude emva kwakhe. Ucande wacanda wada wafika kuloo mfula wahlula *iDassie neNew Brighton*, waqala wabheka. Ubone nje ukuba liBhulu elo lileqisayo waphinda wathathisa ukusika umoya. Ungene apho eludadeni sele eyimfe ukudinwa oku, namathumbu la sele exuxuzela, wacinga msinya icebo angazanga ukuba livele phi na. Ukhawuleze wonda ngetyholo elikhulu eliphambili phaya, waya wafika wahlisa ibhulukhwe wachopha, wazithuma.

Udilize imfumba yelindle, akugqiba wothula loo mnqwazi wakhe umnyama *weDorian* wathwalisa elo lindle lakhe, waguqa ewubambe macala umnqwazi oku komntu obambise nto. Zivakele zona izingqi zeBhulu zada zazakudlula kule ndawo aguqe kuyo. Uthe umLungu sele edlule elelo nqugwala ukubila oku, wanakana ukuba udlula apho afanele ukukhangelisisa khona, wema. Ujike kwa ngoko akuthi ntle ngaloo ndoda ebeyiswantsulisa wabuya wonda ngayo wathi:

“Ja, ek het jou gekry, kom!”- Ndikufumene, yiza!

“Wag tog baas, ek het ‘n kinerie vir jou gevang,” – Yima torwana mLungu ndibambise isikhwenene- wamthomalalisa njalo uMzala.

Onke awalapho eNew Brighton ayesazi ukuba akukho ntaka bayixabise njengesikhwenene abeLungu aba. Uthe usajini akuva ukuba uMzala lowo ubambise sona, wee xhungu, wazala yimincili. Uye wabhekabheka usajini ebomvu krwe enjalo, ukubila kusezingxangxasi ukwehla ngezidlele, ekhangela into abanokusifaka kuyo isikhwenene eso.

“Baas, vat ‘n bietjie hierso so lank, ek gat ‘n kassie kry om die voeltjie te bere,” – Kha ubambe apha torho mLungu ndiye kukhangela ibhokisi yokusifaka - utsho ekhangeleka enenkathalo uMzala.

Usondele kwangoko usajini wawubamba ngobunono loo mnqwazi ukuze angasiphunculi isikhwenene esinexabiso. Ukhawulezile ukumka apho uMzala waya kuqabela eMasangwana, wagoduka esiya eMaplangeni ewuncamile umnqwazi wakhe ebewuthanda. Usale eguqe apho usajini elinde ngethemba elikhulu.

Lihambile ixesha wada waqonda usajini ukuba noJoburg unokuba sele emangele ukuba kuqhubeka ni na nje ngokuba sele ilithuba elivakalayo emkile apho. Uqondile nokuba

akanakube aphinde alinde thuba limbi de abuye loo mfo womnqwazi naloo bhokisi aye kuyifuna, wazixelela ukuba makasithathe isikhwenene eso asivalele apho emnqwazini. Uwuphakamise kancinci calanye, warhubuluzisa isandla ngaphantsi apho, we nqaku! Uthe akuva ukuba lilindle lomntu elo alifumbathileyo kwathi angagabha. Uphakame apho sele ebomvu oku kwengwenye esinekile, wavuthulula isandla, wasisula engceni, wawukhaba loo mnqwazi ngomsindokazi wabhabha, sele ekhala ngo: *“Donner se kaffir!”*

Ngelo xesha yena uMzala ebesele esendlwini yakhe apho eMaplangeni eziqhotsela isibindi esinetswele abezithengele sona ezitafileni zoomama abathengisa inyama yangaphakathi, ikati yakhe imjikeleza ibawa, isenza eso sithukuthezi singapheliyo sika, *“Miaawu!”*

C

Ekuhlaleni

Useza kuba ngowethu

Ngexesha besisakhula nontanga wam owaye ekwa ngumzala wam, uKhawuta, sathunywa ngenye imini ngumama esilarheni esikwingingqi ehlala abeLungu apha esixekweni. Ndawo leyo yayisaziwa ngegama elithi *kuseDassie*, kumzila ophithizela mpela ziimoto kwa nabantu, obizwa *ngeCommercial Road*. Kulapho sele kufumaneka khona umtyangampo wodederu lweevenkile ezaziwayo nezithandwayo ngabantu, ezifana *nooSpringbok* kwa *nooBrito*, *Macdonalds*, *KFC*, njalo-njalo. Sasingekude apho isilara sakwaBotha eso sasithunywe kuso. Umzi lowo wawudume ngokuwathengisela kakuhle amathambo enkomo okwenza isophu.

Ikhaya lethu lona lalisakuba kule ndawo ibizwa ngokuba kuseChibini lamagqwira, kude-kufuphi nemizi *yaseFordville* kwalapha *eNew Brighton*. Ichibi elo seladityelwa nguMasipala ngokuthi alenze itiphu yedolophu yokulahlela yonke inkukuma yeli Bhayi liphela. Bantu bathile balithimba ithafa elo bengazi kwantsusa yalo, bazixumekela amatyotyombe apho baza bayithiya indawo leyo ngegama leqhawe lomzabalazo wenkululeko u Chris Hani. Kanti ke xa uphosa iliso ngaphesheya kwakuyo loo ndawo wofumana indulana eyayisakubizwa ngokuba yinduli ka Masabalala, umfo wokuqala ukuzama ukudibanisa aqokelele abasebenzi baseBhayi ebafaka phantsi kwephiko leyuniyoni yabasebenzi ekwakusakuthiwa yi-*ICU*. Kuloo nduli sele kwama umzi-mveliso weemoto zakwa*Ford* sithetha nje. Ingcombolo ngembali yendawo le siyive ngexhego esidibene nalo endleleni apho.

Ixhego elo silifumene ligobile lizama-zamana neembadada esele zingamagqesha ukuvuthuluka oku. Uthe kuthi ubawo lowo xa sidlulayo kuye:

“Makwedini, ncedani nindikhangalise icingwana elibhityileyo lokubopha ezi mbadada, amehlo am ayoyisakala ukufuna, selefile.”

Ngenene sikhawuleze sancedisela ukufuna elo cingwana lokuthunga loo madlavu eembadada. Ngethamsanqa ibe nguKhawuta okhawuleze walibhaqa, waza walidlulisela exhegweni. Wahlala phantsi kwangoko uMadala, wabopha. Akavumanga konke-konke ukuba simshiye. Ndiphawule ukuba icingo lithande ukuba liqela kunethwathwa kuloo manyathelo akhe.

“Uyabona, ukufumana nje kwam ipeyshoni yam, into yokuqala endiza kuyithenga sisihlangu,” utshilo ubawo akusibhaqa sigxeleshe ezinyaweni zakhe. “Ze nifunde

bantwana bam, ngokuba inguqu esezayo izakufuna imfundo; nifunde, ningadlali kuba noRhulumente lo useza kuba ngowethu.”

Andikhange ndiyinanze le ntetho kuba ndingayilandelanga kakuhle; okokuqala, kwaRhulumente lo athethe ngaye ubawo ndibe ngumntu othile. Umntu esingamaziyo nokumazi angaba ngowethu njani? Enye into endingakwazanga kuyilandela ibe yile yepeyshoni ezakwenza ukuba atsho ahlukane naloo mavuku-vuku eembadada eziqanyangelwe ngeengcingo. Le nguqu izakufuna imfundo, khona ke yona iyintoni? Kodwa andikwazanga kulibuza ixhego, ndayigcina ngaphakathi apha kum yonke loo nto. Ndibuke ikwari ekufutshane nezofektri zase *General Tyre* ne *Eveready*, apho bekuphithizela iiteletele ezithutha umhlaba othande ukuba mhlophe oku kwefutha labakhwetha, zithuthela kumzi okwakufuphi wakwa *PPC*, oxova loo mhlaba namatye ukwenza isamente yokwakha. Ndiye ndaqaphela nokuba ubawo ubehamba ahambe abe abheke, ezigxelesha izithende zabantwana abo anyathela ngabo, ngokungathi ufuna ukuqinisekisa ukuba iingcingo zisabambile. Ebesele enyathela mpela ngoku, kunzima ukukhuphisana naye kuloo ndlela, iimbadada sele ingathi zimile iimpiko.

“Siseza kuhamba sihambe sivote, silingane nomLungu. He, he!”

Ndaphawula ukunqongophala kwamazinyo emlonyeni wakhe, nokuba bomvu kwezo ntsini zixelise ivatala evuthwe yaqhekeka. Siqabele imizila emibini yoololiwe ekhweza emva kwaloo mizi-mveliso bendiyikhankanyile. Ndeva lidanduluka ixhego:

“Bantwana bam, anazi nto nina; usifumene kak’hle umLungu thina!” Ndikhawuleze ndamqwalasela emehlweni umKhulu, ndafika iinyembezi ebezibangwe kukuhleka intsini zingekomi. “Ndazalelwa kwezo fama zaseRhafu ngexesha lemfazwe kaKaizer; abazali bam babehlala bendikhumbuza njalo.” Abonakale amehlo akhe ekhangele kude, phaya phambili, apho besisaya khona, enosizi enkangelekweni yawo. “Ubawo ondizalayo wayengumchebi weegusha owayesehla esenyuka egqiba zonk’ezofama zeloRhafu, ehlawulwa itiki ngokucheba igusha nganye. Niyayazi phofu ukuba yimani itiki?” Ukhawuleze waziphendula singekavuli milomo: “Itiki ziisenti ezintathu!” Uphinde wahleka, amehlo elil’iinyembezi.

“Ndikhumbula ngobuny’ubusika obabubanda bujik’amathe abe yiqabaka emlonyeni... Kuyabanda eKaroo ebusika! Kwifama esasisanda kufika kuyo, abantu ababegeshwe apho babelaliswa kwizindlu zamarhonya liBhulu. Utata wam, owaye engumntu onobuchule bokusebenza ngezandla, wazakhela ityotyombe ngamacangci eemoto ezindala, ezilahliweyo ahamba-hambe ewachola emathafeni. Kwaku ziingcango, maphahla amagxoko-gxoko eemoto enze elo bobosi lilikhaya lethu, kodwa lifudumele ukodlula loo marhonya sasilaliswa kuwo liBhulu. Ezinzulwini zobusuku sisalele, seva isankxwe sokukhonkotha kwezinja ngaphandle kwebobosi. Lathi wambu idyasi ixhego, laphuma phandle liyakuvela. Wagangwa liBhulu sele lihlahlamba ngomsindokazi omkhulu.

“Weg, gaan weg uit my plaas!” –Phum’uphele efameni yam.

“Wangxengxeza kabuhlungu ubawo kuloo mLungu, ethembisa ngokulichitha ibobosi elo, ecela amaxolo, ethembisa ukuba akakuba aphinde. UmLungu wayebomvu, amehlo eluhlaza oku kolwandle, amabhovu nawo ebomvu, enabele macala oku kweempondo zebhayisekile, enxibe loo mpahla yekhaki imikhono nabhulukhwe zimfutshane kuloo ngqele. USathana, ngenene, akayiv’ingqele. Amabhovu ayephephezela ngumfutho womsindo; ebungcangcazela, bugqushalaza nguloo msindo wakhe.

“Umama waye sisantanta nolo sana lwakhe lungudade wethu, eluqamangele ngebhondile yamabhayi ashushu. Mna ndandithe hatya emagxeni apha umrhajana, ndiqhaqhazelisa amazinyo, ndiphethwe nayimichamo. Wabuya kwayena uMa wabona ukuba makalubeleke emqolo usana olo ukuze akwazi ukuqokelela ndawonye izitya neembiza zakhe. Yena utata ndandiqala ngqaa ukumbona exakanisekile ngumothuko noloyiko; amehlo ewakhuph’entloko oku komntu lo walamileyo.”

limbadada ezibotshwe ngeengcingo zazisik’umoya ukukhawuleza oku, sekucaca ukuba sele elibele nangobungxwelerha bazo umninizo. Kusele kukhefuzela mna lo noKhawuta, sizama ukufikisana nexhego elo, sesibubaleka. Sihambe sadlula nasewotshini yenkonzo yamaBhulu yaseDatshi, sabe sele sikufuphi nesilarha eso sakwaBotha; saza samalathisa simbonisa ubawo lowo apho besithunywe khona. Kodwa ubengathi akasiva tu.

“Sahamba silala ngobo busuku, kwathi kwakusa sangen’endleleni ngaphandle kwembeko ngenxa yomLungu. Hayi ke bazukulwana, mna ndisadlula; salani kakuhle. Ningalibali ke ukuba nithembisile ukuba niya kufunda. Nikhumbule ukuba uRhulumente lo useza kuba ngowethu.”

Sabulisa ekwahlukaneni nexhego elo, sabe sele singena esilarheni sakwaBotha apho...

Umqhubi

Kukhe kwanzima endodeni, ndacinga intetho yamaZulu ethi indod'igug'izwile. Andingekhe ndiyilibale loo ntetho. Kodwa ke apha ebudodeni kushiywana ngamandla okugqushalaza. Ndizamile ke nam. Ndithe apha ekuncokoleni namanye amarhumsha kwakho elithi:

“Mfondini, unazo nje iincwadi zokuqhuba kutheni le nto ungakhe uzame naphaya kubangcwabi, bahlala bebadinga abaqhubi, ingakumbi apha ngeempelaveki.”

Ndikhe ndayetyisa le ndaba iza nalo mfo, ndathi ngoku ndisoyika kwanto edibene nokufa nezidumbu, ndazibuza ukuba lizakubela phi elinye icebo eliphucuke ukodlula elo lize naloo mfo. Umfo kaYakobi lowo wandinika negama lomfana osebenzela omnye wemizi yabangcwabi kule dolophu yethu, esithi mandidibane naye. Ndibe mathidala ukuqhagamishelana naloo mfana de ndaphinda ndabuya ndabonana noYakobi.

Uye wandibuza: “He Mawawa, yintoni kaloku undiphoxa nje?”

“Ngantoni kanene mntakwethu?” nditshilo mna ukuphendula.

“Laa mfana wakubangcwabi ndathetha naye ngawe; uthi akuzange wamthinta tu malunga nesithuba sokuqhuba.”

“Yeka ke mntakwethu ndivukele khona ngomso.” Andifunanga kuxoxa ngalo mcimbi.

Sii, ndalala nzima ngobo busuku, ndimbola-mboleka ndicinga wonk'unobenani lo ngezo zidumbu. Kodwa ke ngenene ngengomso ndizicengile ndavuka ndaya kuloo mzikazi mkhulu wabangcwabi abaziwayo bakwa Maduna & Maduna, ndamfumana umfana lowo bendithunyelwe kuye. USaider lowo ufune ukubona iincwadi zam zokuqhuba, ndazikhupha wazibhenca wonela. Ubize elinye igqala lendoda waliyalela ukuba lijikeleze nam lisenza uvavanyo lokuqonda ukuba ngenene ndinguye umqhubi. Ndingene emva kwevili, loo mfo ehleli apha ecaleni kwam, sajikeleza zambalwa izitrato zalo ngingqi; kwatsho kwayena umf'omkhulu lowo ukuba yena wonezisekile, singabuya. Ufike wamazisa uSaider lowo ngeziphumo ezimxolisileyo.

“Uyakubuya ngoMgqibelo ke, mkhuluwa, ngentseni. Uze unxibe mnyama konke, nehemphe emhlophe,” utshilo u Saider, ndambulela phambi kokuba ndimshiye.

Ngenene ndibuyile ngoMgqibelo njalo, ngaloo ntseni ibandayo yenyanga ka Juni, ndafika beliqela bethe dwe, bengxangile abaqhubi bexel'iinkonjane ekuthwaseni kwehlobo. Bonke babenxibe ngokufanayo nam. Ndiye ndakhutshwa ukuba ndikhaphe ndiye kubonisa omnye umqhubi obenedilesi angayichaniyo kwisiphaluka esihlala abeBala eGelvandale. Ulayishiwe umzimba wendoda yeBala emotweni. Ndothuke ndom'amathe xa umfo osebenza ngezidumbu ezo evula le tyesi sizakuhamba nayo esithi umfi lowo ufanelwe kukunxityiswa iiglavu zesandla ezimhlophe; watsho esinxibisa isidumbu eso. Ndibuye umva ndema kude ndinamasikizi nguloo mbono. Umfi wayefakwe isuti engwevu ngebala. Asilibazisanga emva koko, sangena edleleni nomfi lowo. Ndimkhombisile indlela emasiyilandele, hayi ke ngenene naye wayithatha umqhubi.

Sifikile apho eGelvan siyibonile inombolo yomzi ebesiwufuna, kodwa sababuthandabuza ngoba akukhange kubekho kwanto ethi kubhujiwe kwelo khaya, sadlula. Imbangi yokuba sidlule kwelo khaya kukuba kwakumi apho amatyendyana amabini abetha ngogaga ecaleni komzi kufuphi nomnyango. Ndithe kumqhubi masibuye umva sibuzise kuloo manene mabini. Avumile ukuba hayi asilahlekanga, umfi nguyise, sifikile apho besifuna khona. Ndiphawule ngaloo mini ukuba amaSukwini la noko awawunanze nganto nje ngathi maXhosa umngcwabo lo.

Sithande ukusokola ukuwungenisa loo mzimba kuloo ndlu ngenxa yamanqwanqwa enyukayo ukuya emnyango; saduntsu-duntsuza sincediswa ngabo bafana begilana, bengayekanga ukuthana bhutyu ngezilumezayo zona izithuko. Uyazazi ke wena izibongo zabo ezithande ukuba sisiqhelo: *Ooma se ntoni-ntoni*. Side ke sawungenisa ngempumelelo ngaphakathi endlwini umzimba. Sifike apho ngoku saxakwa yindawo apho emasiwunyengeze khona ngoba nomabona-kude ebedanyaza engayekanga ukudlala ooBold bakhe. Nale isothusile, kodwa sakhetha ukuval'apha phezulu.

Umama walapho uphumile egumbini lakhe lokupheka weza ngaphambili, waqhwitha umdiza, wakha watsala yamibini-mithathu imisi, ezinxibele ibhulukhwe eluhlaza ejinga phezu kweziquluba ezi, iinwele zibotshwe ngeenjiko ezipinki ezibizwa ngokuba *zirollers*. Simcelille ukuba awuqwalasele ukungqina ukuba ngenene ngowabo umfi lowo. Ngenene wenjenjalo. Waqala wahlala phantsi wantywizisa akube esixelele ukuba siwubeke phambi

komabona-kude lowo umkhombe womyeni wakhe. Ndiphawule ukuba imazi leyo ingasondela kumashumi amahlanu ngeminyaka.

Sicele indlela kuba indlela yethu ibisende nomsebenzi ngemva usangxangile. Samshiya njalo ke umfelwakazi eyedwa; oonyana ababebetha ngogaga sele bengasabonakali ndawo, kucaca ukuba babelinde loo mzimba ngela xesha lokufika kwethu nawo. Isithabathe ithutyana into yokuba sihlomle ngalo mba ngenxa yomothuko waloo nkqubo yomzi lowo. Sakha sathula sithe zole phambi kokuba siphefumlelane nomqhubi. Kuqala, siphawule eyokungamkelwa komzimba, saphawula ukungabikho komthandazo, ukungabonakali kwabamelwane, ukungabonakali-ndawo kwenkonzo, ukudlalwa komabona-kude, ukungazili komama noonyana balapho. Semnka apho sikhwankqiswe mpela.

Loo mini ibixakeke kakhulu apho kuloo mzi wokungcwaba, izikhenkcisi ziphuphumala ngamashumi amathandathu anesihlanu emizimba. Ukubuyela kwam apho eofisini ndiphoselwe ngomzimba neencwadi eziwukhaphayo, usingise eMaqanda kwalapho kwaZakhele. Ndifike kuloo mzi kucaca ngenene ukuba kubhujiwe, kwaye kubonakala ukuba kulindwe uzimba kaSingaye. Imeko yekhaya elo yavela yakhabana naleyo bendiphuma kuyo kwabeBala.

Ndithe nje ukuba ndimise imoto, baphuma oobawo beloo khaya ngomthandazo, besiza kuzilandela umzimba ukuze bawungenise endlwini. Ndibavulele isciko sentloko yebhokisi ukuze bafanise, yabe intloko yomfi lowo inganeno apha, mna ndithe krwaqu oku kwentshebe nje yodwa, bona ke bajongisisa benqwala ukuba ngenene nguyeyo owabo.

Kukhale umnxeba weofisi yabangcwabi kanye kweso sithuba kulo wam uphathwayo; yathi loo ntombi kum emnxebeni apho:

“Baw’uMawawa, undawoni ngoku nomzimba lowo?”

Ndiphendule ngelithi: “Sendifikile, ndiyothula, nabantu bawo sele bewufanisile.”

“Ungakhatazeki toro, bawo; sicela ukuba ubuye nawo ngokuba kukho ingxaki,” itshilo intombi yabe sel’iwubeka phantsi owayo umnxeba, yasala nam imamalekile.

“Bo bawo, toro ndicela nikhe nime!” Wema esithubeni umthandazo, noobawo bema ngxi ngathi babanjwe ngomlingo phambi kwesango laloo mzi. “Ndicela niwubuyisele

emotweni umzimba, bathi abangcwabi kukho ingxaki, mandibuye nawo.” Ndithetha nje, ndisaluvulile ucango lwangemva emotweni yomngcwabi, ndilixhase ngesandl’ esinye.

“Owu, bangathini ukusenza loo nto aba bangcwabi sakugqiba ukubabhatala kakuhle kangaka?” Ubuzile umkhokeli-mngcwabo okwasisizalwane. “Yiza, ngena ngaphakathi bhuti, uchazele inkosikazi kamfi yonke loo nto yaloo mhlola uwuthethayo.”

Ibuyiselwe emotweni ityesi leyo ithwele umfi.

Ndingene apho ekhusini ndamfumana umhlokokazi ehleli engqongwe ngabanye oomama ekhukweni, nde sebe-sebe ukuwandlala umcimbi wakwakhe kuye.

Ubizise umphathi-mfihlo lowo obekhalaza, mna ndabuyela emotweni ndisiya kulinda khona. Ubuyile umphathi esithi bagqibile ukuba kuhambe yena ukuya kusabela kubangcwabi, hayi umhlokokazi njengokuba ibiyalele intombi yakubangcwabi abo. Uye waziphatha zonke iincwadi-nkcukacha ezimalunga nomfi nentlawulo, esilwa nam mpela apha endleleni, nam ndingxengxeza ngovelwano olungazenzisiyo kuye.

“Le nto ithi masiqhawule kwantsebenziswano nalo mzi wenu xa kunjel!” Ulwe watsho.

Usoomashishini uMaduna womzi lowo mna bendimazi njengamntu ongena velwano konke-konke nabantu abamali ingaphelelanga yokungcwaba kangangokuba mna ayindothusanga kangakho neyokuhluthwa kweso sidumbu, kodwa ke andatsho kubawo lowo. Nathi baqhubi balapho besiba nayo eyethu imikhwino yokuphatheka kakubi bobo bunyolu-nyolu bakhe ngasemalini.

Sifikile, wangena ubawo lowo apho eziofisini zethu wabonisana nabo, mna ndilinde ngaphandle ngalo lonke elo xesha. Indibizile intombi yeofisi, isithi bawulungisile umcimbi, ndingawuphindisela umzimba emzini wesifihlo.

Siphindele kwelo khaya nomzimba, apho sifike abantu sele bebuchithakala beme iziqhu kubonakala ukuba kugwadlwa le nyewe ngolwimi. Ndiva omnye udade obewakhuph’entloko amehlo endithe ntshoo esithi:

“Inokuba asinguye umfi, yimpundulu!”

Indothusile ke noko loo ntetho yaloo sisi, yandenza khe ndimncwine nam ubawo lowo kuba ngenene bendingazi ukuba bekuqhubeka ntoni na malunga nokubizelwa kwethu kubangcwabi abo.

“Ithe kanti besibizelwa ntoni eofisini?”

“Hayi, bathe imali yentente asikhange siyihlawule, kanti thina besiyinqonqozile eyokuba asiyidingi nganto intente leyo njengokuba sizakungcwabela eholweni ekufuphi nekhaya eli lomfi.”

Ndiphindile ndalungiselele ukothulwa komzimba lowo, waqhuba umngcwabo. Ndimkile apho okwethutyana ndinika imbeko yokuba baqhube ukuze ndibe ndibuye ukuza kuwulanda umzimba ukuwuthuthela emadlakeni...

UTere kaMaMvulane

“Tere ndiyifake phantsi komqamelo wakho ke laa nto,” ibe lelo culo mihla le ekuseni xa ephangela uMaMvulane eyaleza kunyana wakhe imali amshiyela yona yecuba. Loo nkwenkwe ebeseyiqhelise lo mkhuba mbi kangangokuba ibisele iyifuna ngetshova na xa sele engasenamali, ubone ukuba ngathi sel’irhalela nokumdlala nangamazinyo unina. Ibide imfake nasezintlonini ngamanye amaxesha sele ehleli nabantu basemzini.

Usihambe unothanda neso sikolo loo Tere kaMaMvulane kuba kaloku unina ebemshiya ngemva esalele, emke yena ukuya kwamLungu nemiqhagi ingekaphaphami. Uyise wayo uGxarha, umyeni kaMaMvulane, watsho wancama ukuzama ukumkwebula umfazi kweso similo. Ukusuka apho uTere, ogama lokwenene linguThembekile, ubonakalise ukumdlala nokumcekisa uyise kuba ebona ukuba yena akatshayi ngaloo nqawa kanina.

Unina ube ngamthengela zifowuni unyana lowo, kwaziitablethi, oozikhompuyutha, esithi uTere uyazidinga ezo zixhobo emsebenzini wakhe wekholeji, suka ahambe unyana aye kuzithengisa adle loo mali, abuye sele ebalisa ngokuphangwa kwakhe ahluthwe kwa nto: Asale ke unina esahlawula loo matyala ezo venkile.

“Thembekile, ndifuna undimamelisise: ukuba nje ndikhe ndazakuvuselwa ukuxelelwa ngokundululwa kwesidumbu sakho esitratweni ngo 2 ekuseni, okanye ukulala kwakho esibhedlele ngokonzakalisana nootshomi bakho ngobusuku, okanye ukuvalelwa kwakho etrongweni, uze uncede ungandijongi apho mfo wam,” ubesiphindaphinda eso silumkiso kunyana wakhe uGxarha.

Ibivela indumzele loo nkewu de igqibelise ngo “Mxim!” ukuziphendulela kuyise. Ube suka ange akayivanga uyise kodwa ebindekile emphefumleni, kuba kaloku yamtyityimbisela umnwe igrogrisa ngokuya kummangalela ukugqibelisa kwakhe ukuyohlwaya ngemvubu. Uthe uGxarha akuphawula ukuba lo mntwana akasayi sikolweni koko esidla nje imali kanina oneenkani ngokuzenza osafundayo, wayilandela loo nto. Uzinike ithuba waya kwelo ziko lemfundo ephakamileyo laseQhayiya ukuya kuphanda ngenkqubo kanyana lowo, wasuka wadana. Inkosazana awuchaze kuyo umba wondwendwelo lwakhe apho imchazele ijonge icofa ikhompuyutha, yaze yathi:

“Ewe, iyabonakala tata into ethi uThembekile lo wayebhalisile apha kuthi ekuqaleni konyaka, kodwa akaphindanga walubeka olwakhe unyawo apha.”

“Kwatsha! Bendihleli ndiyirhanela ke le nto,” utshilo uGxarha ebuthuthura ebusweni ngumothuko. “Ndizakuyichaza njani ke le nto kunina?”

“Ndiza kukushicelelela ingxelo le ichazwa yikhompuyutha ugoduke nayo bawo ukuze ubabonise ekhaya,” imphendule ngelitsheyo intombi.

“Ndiyabulela mntwana wam, enkosi sisi,” utsho esamkela loo maphepha-ngxelo wangena endleleni uGxarha. Uhambe ekhuza yedwa ekhala ngo, “Sii! Hayi asizelanga bantwana kweli xesha lethu. Le ntwana sisandula kuyinika amawaka amabini onke isithi loo mali ifunwa shushu ekholejini apho kuba kuzakuyiwa ethetshiyari; khona iyintoni loo thetshiyari leyo?”

Akabanga namphenduli, wada waya kufika endlwini. Imhleli ingcinga yokuba kwa loo nto yaloo mali yaloo thetshiyari yaba nguMaMvulane omngqinelayo unyana wakhe esithi ubeva rhoqo abanye abantwana eziteksini bekhala ngokuya kuloo thetshiyari. Woyisakala ke naye apho uGxarha wasikhupha eso sityhwenywe semali.

Wafika endlwini walinda ukubuya komfazi, waza wambonisa loo maphepha ukufika kwakhe. Wasuka waba yiloo nto idumbise umlomo uMaMvulane esongwe iingalo zinqumleze emabeleni efutha ejonge enkalweni, esithi umntwana wakhe uyaxokwa yiloo khompuyutha yekhohleji.

“Hayi ke mna ndikholiwe yinto endiyichazelweyo, ndeza nabo nobungqina bayo, obu ndikunike bona. Mna ndahlukene nokumpompoza imali yam yendodla ukuze wena uyinike esinje ukukhohlakala isigebenga somntwana. Le ntwana mayihambe iye kuphangela,” utshilo uGxarha.

Ide yangenwa ngumkhuba omtsha ngoku le ntwana, umkhwa wokutyhuthula ikhaya eli layo ithathe impahla, nditsho nezo zokunxiba neembiza, iye kuzithengisa xa abazali bengekho. Uthe omnye ummelwane kuGxarha xa ebeyincokola le ngxaki yabo:

“Mmelwane, aba bantwana bonakaliswa zezi ziyobisi bazitshayayo, ingakumbi le *Tik*; bonke benza into enye kula makhaya ngamakhaya.”

“Into ebuhlungu kukubona ukuba umntwana woda ayekungena engcwabeni esenza into enye engazimisele kohlukana naloo mkhuba. Yinto eyakude ithini le? Kubuhlungu ukuhlaliswa ngolu hlobo ngumntwana ochitha yonke into eyintsebenzo yethu bazali bakhe yeminyaka, abe yena engena ngeniso tu. Ubone ukuba nakuphumla ngokusuka afe fi kulityalwe ngaye okanye kufe nina bazali bakhe,” utshilo uGxarha.

“Gxarha, akukho nto ibulala abantwana nje ngeengqeqesho ezahlukeneyo zabazali. Kufuneka nibambisane ningabazali nithethe ngezwi elinye nomntwana...”

“Hayi ke mmelwane, akunjalo apha kwam. Le yam intwana iphethwe oku kosana ngunina. Ndatsho ndancama. Akukho nto yandothusa nje ngale yokunikwa kwa mali le yecuba ngunina, umhlola wento. Uyiphathela ibhaka yakhe emsebenzini, athi mayizivalele egunjini layo lokulala ingaphazanyiswa xa isidla ezo *zilaps zeorskieti* yasemaBhulwini aza nazo. Iphume kwelo gumbi iyiloo nto ichininika nombombo lo ukuhlutha kwayo sele ibhodla. Ndise ndiyihleke ke yonke loo nto kuba kaloku mna andizanga ndakhuliswa ngaloo ndlela ngabam abazali. Loo nto ngoku ingenwe kukutya nokwam oku ukudla okubekiweyo kugqunyiwe, ikuxhafuze ishiye kwamathambo nelo cephe apho ekutyeni. Ngoku ndiye ndicele unina ukuba isitya sam aphake asibeke ecaleni kwebhedi yam xa ndingekho, into entsha ke leyo.”

Akukhange kube kudala, kwabonwa ingena apho kowayo ngenjikalanga yomnye uLwesihlanu loo ntwana igileka ixhapse igazi, iswantsuliswa ziingxilimbela zabafo abathathu bevuth’amadangatye yimisindo, beyifun’apha. Waphuma uMaMvulane eligqabi wema phambi kwabo esithi:

“Ndiza kunibamba nithi shu ngowam umntwana! Ndilifuna apha igazi lomntwana wam!”

“Hayi, akukho mntu uzakubiza mapolisa apha! Masiphulaphule kubantu aba bathi boniwe ngulo mntwana.” Kwathi kanti uyichulile uGxarha ngokwenjenjalo, kuba kaloku ukuya emapoliseni bekuza kubangela ukuba abahlali abo boniweyo bawutshise ngomlilo umzi lowo kaGxarha.

“Ndifuna ifowuni yam ebiwe yile ntwana nootshomi bayo, kuthiwa ithathwe yiyo!”
utshilo omnye ome ngaphambili kubo.

“Yimani sikhe sive kuyo. Thembekile! Yiza, yiza apha!” Ukhwaze ngomsindo uGxarha ebhekisa ejonge emnyangweni otshixiweyo welo gumbi lilala unyana lowo woyikayo ngoku.

“Tata,” uphendule bungqokola ngelecawa, ephuma erhuqa iinyawo kweloo gumbi unyana.

“Chaza, kuqhubeke ntoni malunga nale fowuni yalomfana?”

“Ithengwe nguRasta *ngefive clip*, tata,” itshilo.

“Kwaza kwathini ungamsi kuRasta lo mfana, apho waziyo ukuba ikho ifowuni yakhe? Ubalekela kwam uze kuthini ndingena fowuni yakhe apha nje?”

“Basuke bangxama ngokundibetha, ndabona ukuba mandibaleke ndigoduke...”

“Ndiza kuyibhatala...” utsibe watsho uMaMvulane.

“Uthule wena! Akuzikubhatala fowuni yobusela apha. Makahambe unyana lo wakho oyintanda ase aba bafana kuloo Rasta...”

“Nam ndihamba naye...” uphikelele uMaMvulane.

“Andikhathali nokuba wenzeni na. Ungahamba naye kaloku.”

Baphumile apho belelo gxudululu, uMaMvulane sele egila izicithi, ehambel’apha.

“Mama, ungxama ngokuthi uza kuyibhatala nje, uyayazi ukuba le fowuni ixabisa *6thousand* yeerandi?” ubuzile umnini-fowuni.

“Iyhuu! Nkosi yam, eyemali engako?” wakhuzisa uMaMvulane.

Bafike uRasta ehleli ngaphandle kwebobosi lakhe ubuso bakhe burhangqwe lilifu lomsa womya, ephulaphule umculo kaPeter Tosh, ebuyotywa sisisi eso. Wothuke sekunini kumiwe phambi kwakhe lelo gquba.

“Yikhuphe Rasta, sesivile ukuba ikuwe ifowuni. Umama lo uthe uza kuyibhatala imali yakho ekule ntwana yakhe,” itshilo leyo yefowuni.

Akaphendulanga uRasta, usuke wee khwaphululu ukuphakama esiya kungena endlwini, elanda loo fowuni. Ubuye ewuthe qhiwu loo mgrugra wefowuni yexabiso wabuza, “Yiyo le?”

“Yiyo kanye Rastaman, ndiyabulela mfondini; dibana nomama lo malunga *nefive clip* yakho leyo,” utsho eyicofacofa amaqhosha eyikhangelisisa umnini fowuni ebheka pha, ebashiya njalo.

“Ndincede torho ke ma ngemali yam ngoku...”

“Ndijonge Rasta sana lwam ukuphela kwenyanga, ndomana ndikucutha...”

“Hayi khona *ol’ lady*, ndiyifuna ngoku yonke imali yam!”

“Kha undincede torho Rasta, ndimele kaloku ndithethe noGxarha,” uthethe sele ebuyela endlwini emyenini uMaMvulane. Ubuye wabhekisa kunyana ecaphuka: “Uyazibona ke izinto ondifaka kuzo?” Akaligqibanga uMaMvulane, yamphendula ihesha inkewu leyo:

“Hayi suka nawe *maan ol’ lady*, undenzela *istress* phezu kwayo yonke le nto yokubethwa kwam ngaba bantu!”

“Uyamazi ukuba utata wakho wakuhlamba kudala, akukho nento yakho asazimisele kuyihoya kunamhlanje ngenxa yesimilo sakho angasithandiyo...”

“Andiyikhathalele loo nto leyo mna, naye andimkhathalele!”

Esibhedlele

Ukubaluleka kwesibhedlele yinto ethi ilibaleke de kufike loo mini isisidenge ethi yenze ukuba sibufumane ubuxhaka-xhaka boomashini baso kwanobugqi babasebenzi balapho izizinto eziluncedo kuthi nezithi ziphele zisindisa ubomi babantu abaninzi.

Umothuko endiwufumene kule veke awusayi kuze ulibaleke ebomini bam. Ndiye ndabiziswa ngummelwane wam ewakhuph'entloko amehlo, esithi: "Khawuleza, khawuleza, Meza! Sincede usibalekisele umntwana wam esibhedlele, uyagwebhuza ngomlomo, asazi ukuba udle ntoni na!" Andilibazisanga ke nam, ndakhawuleza ndaleqisa.

Ndithe ndakumkhangela umntwana lowo, ndafumanisa ukuba sele eyoba, eyi loo nto ityokololo ibhedlula amehlo. Ngomothuko omkhulu ndiye ndayivuthulula ndiyivuthele imoto ukuyibalekisa oku ndisingise esibhedlele eMotherwell. Esi sisibhedlelana sasekuhlaleni esingenakulinganiswa nezo zikhulu kule dolophu yaseBhayi; nditsho iLivingstone kwa neDora Nginza. Kodwa sisincinane njalo sibanalo uncedo olukhawulezileyo kubahlali, ze kuthi xa kunzima mpela kumguli adluliselwe kwezinye ezo sele ndizikhankanyile.

Sifike apho esibhedlele sambalekisele kubongikazi umntwana lowo, samphosa phezu komondlalwana onamavili ukuze ongiwe. Umongikazi omkhulu omagx'abomvu ukhawuleze wamvavanya umntwana ngesandla esifubeni, wamcofa nesihlahla esi; naye sel'ewakhuph'entloko amehlo. Umongikazi umbizele ecaleni unina womntwana, ebumruqa ngengalo, wayakungena naye kwigunjana elibu-ofisi. Thina bakhaphi sive ngesona sakha sasibi ngobukrakra obu isijwili siphuma kuloo ofisi, engakhalanga umfazi womntu amehlo ezingxangxasi.

"Thixo wam, yintoni ukundithathela umntwana wam, owokuqala nowokugqibela, ikukuphela kwakhe!?" Usiphinda-phindile eso sililo ngaloo mazwi unina womntwana, watsho kwasika kumazantsi esisu sam, zaphokoka nasemehlweni ethu iinyembezi sakuva ukuba usishiyile umntwana.

Kubenzima kakhulu kum ukuphuma ndishiye isibhedlela eso, nomntwana ebendimthwele ezandleni ndincedisene nonina ngaye, ndimshiya sele elele ubuthongo

obungenasiphelo. Ndimke apho ndimadolw'anzima kukuxheleka emphefumlweni, sele ndingasakwazi nokumjonga unina womntwana. Sona isibhedlele andisikhalazelanga, koko ndiphume apho ndizikhalazela mna siqu, ndisithi ukuba bendifike naye kwangethuba ngencedakele umntwana lowo, samsindisa isibhedlele.

Uthe omnye ubawo wasekuhlaleni kum, ukuba umntwana besiqale ngokumseza ubisi, sazama nokumgabhisa ngokumnyanzela usiba lwenkukhu emqaleni, mhlawumbi loo nto ibisiswini somntwana ngeyingakhange de imbulale yakuphumela ngaphandle kwamathumbu. Sona isibhedlele ngesifumane kulula ukumsindisa umntwana ukuba thina besiqale ngokuzama uncedo lokuqala. Le ntetho yelo xhego indinike amava nolwazi olungasayi kulibaleka kum. Isibhedlele esi naso siyafuna ukuncediswa ngabantu basekuhlaleni abaqeqeshiweyo kuncedo lokuqala.

Sithath' uTEBA

Phantse wonke ubani uthi efika kwiminyaka yakhe yokwaluphala abe sele entlaleke mpela kwiinzingo neenzima zobomi. Kube njalo ke nakuloo nkab'abakuthi uMaqhawe, umfo wasemaNtandeni phaya kulaa mhlaba waseGwili-gwili. Intetho yesiZulu abeyithanda ethi indod'igug'izwile kuvakala ukuba umnt'akwethu lo wayichola kwelaseGoli apho wayeye ngempangelo.

Uthi ke uMadiba lo, wathi akoyiswa sisikolo, wabe ebona nabanye oontanga bakhe bethabatha uTEBA, becan'd'amathafa besingisa eRawutini, bambi eFreyistata, abanye eNatala, wazishiya apho edlelweni iinkomo zakowabo, waland'ekhondweni loontanga bakhe. Iofisi yakwa TEBA eQonce yamthi jize ngesipoponi sejemu, isonka esikhulu esimdaka nembhodlela yomongi-mali, yamphosa phakathi ebhasini yakwaloliwe esingise apho kwaMzilikazi. Ihambile ke ibhasi njengazo zonke iinqwelo zamahili-hili, ityhutyh'amathafa ubusuku bonke yada yaya kumlahla eFreyistata apho kwelaseWelkom.

Uhambisa athi ke umkhuluwa lo, uthe kwakusa wabona okokuqala ezimbhalini loo mathafa aseFreyistata, suka wangenwa ngombi wona umbilini, waqala wacing'emva, ecinga abazali bakhe neenkomo zakowabo awasuka wazishiy'edlelweni okweenkedama zisisisulu. Zaqala zathi chapha-chapha iinyembezi zichankcatha izidlele ezi ukusingisa ngasemlonyeni naloo tyuwa yazo.

Bafike baxilongwa apho emayini, baza baboniswa namagumbi abo okulala ehostele, nalapho baye baphakelwa badla, bazibetha zabomvu iziswana ezi. Akhange kube kudala phambi kokuba ahlele emathunjini omhlaba ngekhethshi esiya kombha igolide le ebethe uzela yona eGoli. Uthi xa ebalisa uDlomo, umqala wakhe wawungenwe ngoku ngumkhwa omtsha wokusuka wome uhleli nje, kukunxanwa angaziyo ukuba kuzalwa yini na, endiqondayo ke phofu mna ukuba mhlawumbi wawuzalwa lixhala nomoyiko. Kodwa kwayena uyatsho ukuba akukho ndawo ibilisa umzimba womntu nje ngomgodi. Ukunxiba impahla ngaphantsi komhlaba yinkcitha-xesha yokwenene; ubuchule kukusebenza ze oku kosana luphum'esizalweni. Ubhuti lo ubesithi xa ebalisa ngaloo duntsu-duntsu wezomini umve esithi: "Kwedini, nokuba ungaze uqhawukelwe ngenye imini, ungaze uphambanele ngasemgodi! Phaya indoda inya imile!"

Ubalisa athi uMthembu, uye wasebenza kwinto abathi yitafile emathunjini apho omhlaba esomba, ebeth'ifosholo elele ngecala; ukubila komzimba wakhe kunkcenkceza, kugcwalise loo maquza ezihlangu ezide zomsebenzi, *iigumboots*, ngabula-makhumsha. Babefaka amakolom eepali zokuxhasa umgodi apho idanameyiti ibiqhushumbise khona, besenzela ukuba ungabaweli umgodi. Ithe isandul'ukusuka apho ingolovane beyigcwalise qhu ngamatye omgodi, yasuka yangathi ihlabe ikhwelo lokudiliza umgodi. Kwavakala ukudidizela komhlaba okukhulu okufana nokududuma kwezulu; yatsho loo nto basala bejongana, besiyana ngamehlo bexakiwe.

Bathe besamuya-muyaza bengazi ukuba mababheke kweliphi icala, suka kweduncu-muncu into enkulu yelityekazi elingangeliwa lincothuka ngentla kweentloko zabo kwiphahla lomgodi; basindiswa kukutsibela kude bephepha. Lathi nje ukuwa kwalo latsho ngelifukazi lothuli olumnyama, kwazizijwili nje zamadod'amadala. Avakala amaninzi enqula amawawo, amanye ekhala ngoQamata omkhulu.

Uqhuba athi uMthembu: "Ntanga, kwakukubi loo mini sivalelekile singazi ukuba singaze siphume njani ngaphaya kwelo liwa. Ndikhwaze amanyange akowetu ndanqula, indoda nganye yakhwaza awakowayo. Ndizithuthe ndabiza abaThembu, ndakhwaz'ooDlomo, ooSophitsho, ooYem-Yem, ooNgub'engcuka, ooMthikrakra, ooZondwa-ziintshaba, ooVelabambhentsele. Kumhla ndabona amadoda amadala ezinyela okweentsana zabadlezana, ezi zona zinxiba amalweyile. Kwakusisaqhunge nje selo vumba linganyamezelekiyo lobulongo bomntu omdala."

D

linkanuko

Kwaqala kwafudumala

Yathi yakuphela ithenda yomfo obemqeshile, emthembile uGatyeni wasuka wayiloo nto ihleli nje ijikelezana nomzi, wabe yena umkakhe ezama amatorho emakhitshini. Loo meko yabo ihambe yahamba yamakhela amagxa umfo lo. Ube yiloo nto evela ngoku ibe lugcwabevu ngumsindo ngexesha lokufika komfazi ebuya emsebenzini, uve sel'imbuza ijonge exesheni: "Kutheni ufika ngeli xesha ngoku, ulibele phi kangaka?"

"Hayi kaloku tata kaZandi, iibhasi ezi azilawulwa sithi bakhweli," ubeziphendulela ngelitshoyo umfazi. Indoda ngelo xesha ithe nkwa iintshiya ukumjonga oku ngaloo mehlo ayo mancianane kobo buso bumnyama busicaba, abengathi ujongwe yinkunzi yemfene.

"Andiyithandi ke le nto; futhi akuqali ukuyenza..."

"Uyabona ke, ngathi kum ngel'uphakama uyekufuna umsebenzi mna ndihlale aph'endlwini, ndijonge kuwe!" Akuphendula njalo umfazi ibivela isikeke umlomo indoda.

Ufike neendaba ezimnandi ngenye imini uNozinzile umka Gatyeni ebuya emsebenzini: "Enye inkosikazi endikhwela nayo ibhasi ithi umyeni wayo udinga umntu wokubaqhubela iteksi yabo eyiQuantum. Ndimxelele ukuba unazo iincwadi zokuqhuba, ndathi ndakuva apha kuwe."

"Mxelele Nozinzile ukuba ndingabaqhubela," utsho sele ebuncuma ngoku, wayeka nokujonga elo xesha ebesaqalisa ukulikhangela ukungena komfazi, kwaswabuluka nezontshiya ebezifingile.

"Hayi ke, ndiyavuya xa uvumayo, nantsi ifowuni yomyeni, mna andimazi andizanga ndambona, nenkosikazi le ndazana nje ngokuncokola nayo, nje ngokuba senditshilo." Umnikile ibhalwe ephetshaneni loo nombolo.

Ibe ziintsukwana zambini-ntathu, wabonakala efika engena apho ekuhlaleni uGatyeni ehamba ngeyona yakha yantsha iQuantum, intsonts'amanzi ngemva. Ube yiloo nto iyimvuze-mvuze enoncumo ehleli nje ngoku, wasoloko ekhalisa umculo emotweni, abantwana bakhe beyihamba mihla le ngegugu ngokungathi yeyakowabo. Babuzene

abamelwane ukuba azi iya nini na erenkeni iyokwenzel'umniniyo imali yokuhlawula ityala lebhanka.

Ithe ingekapheli naloo nyanga kwaba sekuphithizela abantu bephuma bengena apho kwaGatyeni. Yavakala, zingalali mbethe nje, eyokuba umfo lo ngoku ubolekisa ngemali ezalayo. Nobuso babantwana bakhe abamnyama thsu baqalisa ukusoloko bunyinyitheka amafutha. Isibindi esiqhotsiweyo netswele sabethwa ngeentonga ukuxhaphaka ngoku. Lwaqala nolo faf'olude lukwamnyama lungumkakhe obekade enqinile lwaphum'izidlele, lwajinga iingalo neempundu, sele lubizwa kamnandi ngoku yindoda: "NakaZandi!" Zaphela neezomfazwe zikaNapoliyoni ngoku phakathi kwabo.

Zathi ndii iindaba ekuhlaleni ezithi ayomali kwaGatyeni iingeengxowa, akujiki ungayifumenanga xa usiya kuboleka. Basale besabuzana abamelwane ukuba kanti iteksi le yekaGatyeni na, ayinamniniyo ungomnye na. Akubangakho mpendulo.

UNozinzile uthe kolo thando lwabo luvuke phantsi gqatsiyane luphenjelelwa yimali yeteksi wenza shushu ngaphezulu endodeni, wacenga kamnandi ezithobile edlala ngesilevu sayo eyiphuza-phuza ebunzi, nayo sel'imane ivakala ngo "He-he-he!" ongqokolayo. Wafuna kuyo wayifumana imali yokuthenga ibhokhwe yokwenza loo msebenzi, wayifaka ebhankeni. Wayesoloko esitsho apho endodeni ngexesha bebesalwa ukuba ufuna imali yokuzenzela umsebenzi wokuvuma intwaso. Uthethe kamnandi bavisisana wada wabolekwa nenkundla yooGatyeni ukuze awuqhubele apho kwakhe umcimbi lowo. Hayi ke, neebhotile zebranti kwalula nje kuGatyeni ukuba azilande ukuze amadoda azibonele ukuba yena nomkakhe abagodoli. Uyilandile ke nemithombo yokusila yakho nayo apho. Kwabamnandi kuloo mzi, abantwana bemunca oopota, izitoki, ootshoki neebompi.

Ifikile loo mini inkulu yomfazi, kwafika namanye amagqirhakazi akhapha umama ozakusingatha umsebenzi, yaqhuba intlombe impelaveki yonke. Ugaxele naye uGatyeni ezakhe iintsimbi eqabe mhlophe, wasina ecula ngelizwi elimnandi elothuse abamelwane ngokubamyoli oku. Abe bunqaba amagqirha angamadoda kuloo msebenzi sekurhaneleka ukuba umfazi uwalumkisile ngamagxa omfo wakhe, aza aweza. Yawa ibhokhwe, yaphokok'ibranti, yahamba nebhekile kwamnandi. Waqhuba wada wadlula umsebenzi.

Akubanga kudala, kwathi ngokuhlwa ngenye imini abamelwane beva ngeentetho ezibushushu zabantu abaxambulisanayo phandle phaya. Bathe bakujonga abakrobe ngeefestile babona isixhapothi somfo sibambene noGatyeni ngezifuba, ekhwaza umhambi lowo esithi, “Ndifun’imali yam Gatyeni! Ndinike Gatyeni imali yam, okanye...” Uthe ukumyeka kwakhe loo mfo uGatyeni lowo wamtshovela phaya kude, wokuwela ethangweni folokoty. Kubonwe ngokukhwela kwakhe kwelo qegu besel’ingathi lelakwaGatyeni ukuba ubawo lowo ngumninilo ocaphuge mpela. Wasuka apho ngomsindokazi okhalis’amavili eqegu lakhe; sabe isimmelwane siyayigqibelisa loo mini loo Quantum.

Zivakele ezokuba umnini Quantum lowo ebekade egula elele esibhedlela lonke elo xesha ebetabhata ngeteksi yakhe uGatyeni lowo.

Labuya ngamandla ke ngoku nebhungane kwaGatyeni lenza isizungu, yangu “Bhuuu!” Umfo waphindela ekukhedameni ecaleni kwendlu egcakamele ilanga lobusika, apha the kungena endlwini angqengqe.

Ethubeni kubonakale kufika omnye umfo okwaqhuba iteksi kwakhona apho, wemisa wathetha noGatyeni. Mzuzwini uvakele ekhwaza naye esithi:

“Ndifun’imali yam Gatyeni, kudala ndilindile! Khangela imoto yam isenjeyaa okoko wayitshayisayo wayityoboza isibane ngala Quantum yakho. Ndidiniwe kukuhamba ngemoto enje ngathi ndilixelegu.”

“Kwowu, ndingasenayo kwamoto yokurenkisha nje...”

Akaligqibanga uGatyeni, yathi la nto: “Heyi, khangela apha, sukundixelela ngokungabi namoto kwakho mna, uyeva? Andiyikhathalele kakubi mna loo nto leyo, ndifun’imali yam qha ke!” Yatsho itshikila ukuya emotweni yayo naleyo nkalanzinzi, yakhalis’amavili ukumka apho.

Ubuyele apho kuloo bhanka ebehleli kuyo elangeni uGatyeni wadibanisa iingqiniba namadolo, izandla nentloko, ubuso bajongana nomhlaba ophakathi kweenyawo zakhe. Wahlala ngolo hlobo ithutha ibeka ingqondo, sele engazi nokuba ixesha limkile. Weva

ngokuvuleka kosango ukugaleleka komfazi evela kwamLungu. Ukhawuleze wajonga ixesha zifingene iintshiya zibuyele kuNdalashe.

Umfazi ukhawuleze wambeth' emlonyeni kanye xa imilebe yakhe ibisavuleka izakukhuph'isigezo: "Tata kaZandi, kule mpelaveki izayo bayafika abantu bam bokundenzisa omnye umsebenzi olandela lowa wam wentwaso bendikhova kuwenza."

Uye wamthi ntshoo loo mfazi ngaloo mehlo akhe aziintloko zoonotaka asondele embonjeni, watya tyum exakiwe ukuba makaphendule athini na, esaxakaniswe yiloo meko yokuphinda kwakhe abe ngumpha ochutywe wajulwa kude lee. Umfazi ubonile ukuba makamshiye apho xa kungekho mpendulo, angene endlwini ukuya kulungisa iimbiza zesidlo sangokuhlwa.

Ethubeni uphakame kancinci apho walandela, wangen'edlwini. Ufike wabhekisa emfazini eme ngeenyawo, "Nozinzile, mna bendibona ukuba ukhe ume ngalo msebenzi sikhe siwubekele elinye ixesha xa kunje..."

Engakagqibi njalo ithe imazi imqhawula, "Hayi ke noko, andizukwazi tu ukuwumisa lo msebenzi. Hayi andinakho tu emva kwentsokolo engako yelikhaya, ndithi sele ndilifumene ithuba ndimise into enkulu kangaka ebomini bam..."

"Uyabona ke, use uthethe wophele kugqibele wena; ndisifaka xa kulapho kanye ke isihlangu apha kuwe."

"Tata kaZandi torho, ndiyacela kha undiyeke, le nto ayilwisi. Bendibukele usenza unothanda ngemali ngelaa xesha uburenkisha, uzalisa nangemali, andanqanda. Ngoku xa mna ndiqalisa ukulungisa ezam izinto uyandinqanda..."

"Hee *maan*, ndithi kuwe kha ume, izinto zisandihambela kakubi; ndinike loo mali ndibhatale ababantu bandijikelezayo bendigrogrisa befuna kakubi iimali zabo..."

"Unotshe, andikwazi tu..."

Uthe engekalgqibi umfazi, uGatyeni watsiba ukuya kungena egumbini labo lokulala, kwavakala u "Gruuu!" wokurhuqwa kwetranka ehlala izixhobo zakhe zokusebenza, efuna umkhonto wakhe.

Umfazi wazile ukuba kuza kwaziwana, wathi rhuthu umakhal'ekhuwini wakhe watsalela kwa 10111, wagqagqanisa ukuchaza imbangi yokubamema abakwaNtsasana abo, ecela nokwenzelwa incwadi sithinteli enokuthi inikwe umyeni lowo. Uthe ephuma kwelo gumbi uGatyeni ewuthe qhiwu loo mkhonto wakhe unomhlwa, yabe imisa iveni yamapolisa sele ikhanyise idanyazisa isibane esiluhlaza phezulu efokothweni. Amise amapolisa kanye ngelo xesha ebasantsulisa umfazi, akhawuleza ukukhupha imipu esithi, "Mnumzana, wulahle phantsi umkhonto lowo ulale ngesisu phantsi!"

Hayi ke bethu akalibazisanga uGatyeni, uwujulele ezinyaweni zawo ezigqunywe zezo zipili zimnyama zofele umkhonto lowo kaTshaka, wacambalala izandla ezithwele entloko. Baqale ngawo abakwaSidlodlo bawusongela ngeplastiki bawuphosa ngaphambli evenini apho. Bamqhoboshe ngeentsimbi zabo ngaphambi kokuba bamphakamise bamthantamisele ngasendlwini. Bakhawuleze bathi wayi-wayi ukusondela abamelwane abathanda izinto zabantu, bambi sele beze kungena kwasendlwini bethe ntaa amehlo. "Kha nitsho, kwenzeka ntoni ekhay'apha?" ubuzile uSajini wamapolisa.

Hayi ke wayiqala phantsi uNozinzile sele engathi ubotshwe emnweni ethe phuhlu loo mehlo makhulu egwalakazi. "Ufuna ukundibulala!"

"Ayikho loo nto leyo; ndifun'imali yam, makandinike imali yam!"

"Eyiphi imali yakho? Eyiphi..."

"Ho, kha nime bo," litshilo ipolisa. "Mfondini, wena siyakuvalela ngoku ngenxa yokugrogrisa umfazi ngesikhali esinobungozi. Kuqala, nantsi incwadi yakho ekuthintelayo ukuze ungaphindi ulibeke inyawo lakho ekhay'apha ngokuza kugrogrisa umfazi..."

"Makahambe utata sisigebenga. Umana eleqana nomama ngomkhonto. Mthatheni!" kutsho le ntwana yabo iphakathi ineshumi elinesine leminyaka, isothusa loo mapolisa naye wonke umntu obelapho. Kwanyana lowo yinto apha ende emnyama ephinda-phinda ibanga lesihlanu, esel'ikhova kuleqwa ngamapolisa ithwele isikhwama sentsangu ithengisa ithunywa ngomnye umfo.

Ube ngathi uGatyeni, “Lo mfazi lo ndiyamrhanela ukuba uphinde waneny’indoda nje kwangaphambili, ngoku ungenwe kukubaleka ayekuyiphendulela phandle la fowuni yakhe qho xa ikhalayo...”

“Mfondini, masambe ngoku siye kuvalela,” amgxagxamisa amapolisa emka naye waya kulala eziseleni.

Ngengomso emva kwemini, amkhulula amapolisa athi makagoduke angabuyi aphinde aswantsulise umfazi. Uye ngqo endlwini yakhe kuba esazi ukuba umfazi usaphangele, kodwa abantwana bona sele bebuyile esikolweni. Limbukile igqibelo lakhe eliyintombazanana eyinceke yakhe nefana kakhulu naye, kwamnandi ke nakuye. Kodwa ngexesha alithekeleleyo lokubuya komfazi kwamLungu, wakhawuleza watshayisa apho waya kuxhwara phantsi kwemithi engekude apho. Uziphose kuloo ngca akuva amehlo esindwa bubuthongo, zaya zacima.

Ufikile ngeligeni umfazi ebuya emsebenzini wangena kwakhe eziculela iingonyana zakhe ezichaza ukuchwayita kwakhe, into leyo ebesele eyibalisa kubahlobokazi bakhe esithi utsho waphumla ngoku. Ube ngathi uGatyeni uvuswa yiloo ngoma yolonwabo ukuthi khwasululu ukuvuka kwakhe phantsi kwaloo mthi, wajonga ngaphesheya kwehlathi kwakhe. Ubone isiqingqana sesigaqana somfo onomzimba kodwa ephantse walingana naye ngesithomo, ekwamnyama tsiki. Ziye zama iindlebe zakhe zaxel’ezomvundla, wajonga. Umfo lowo ungenile kwakhe, kwathi cwaka. Uye wama isithutyana uGatyeni akhe umkhanya esajonge apho, wathuth’ebeka ethunywa nguSathana malunga nokuba inokuba kuqhubeka ntoni na ngaloo mzuzu phakathi komkakhe naloo mlesi ungene apho.

Ethubeni uphumile umfazi ekhapha loo mfo ebehambele apho.

Ume ngeenyawo uGatyeni embukele umkakhe ekhapha loo ndoda, bada baya kungena kwindledlana esematyholweni. Uchwechwile ngomgaqo okwelicala ebekulo walandela. Ufike kanye xa beqalayo ukumunxuzana befunxana iinyheke, watsiba esithi,

“Iya Nozinzile, kudala ndiyithetha le nto yokuba unendoda, kanti yile ntohololo le ulalana nayo?”

Uye kuloo mfana wamthi xhakamfu ngesifuba, wamtsho ngamanqindi ebusweni nasemlonyeni kwatsaz'igazi kwangoko. Umfo lowo kucaca ukuba ebesothukile exakwe kukuziphindezela, ebukeye lomzuzu loo manqindi ebemxhifwa. Zithe zakubuya izibane, hayi ke walwa naye okwengonyama ephindisa. Imazi ibaleke ngoko yangen'endleleni. Uthe akufumana umtyhi umfo omtsha wabaleka naye.

Indoda ilande ekhondweni lomkayo yahamba ingena kwimizi ekufuphi yabamelwane imfuna. Akavakala ndawo umfazi. Ibonile ukuba mayihambe iye kulala kwisibawokazi sayo kwalapho eLokishini, hleze umfazi abuye nabomthetho.

Ngengomso lifowunile ikrexe lithetha nemazi: "He wethu, wapelela phi kaloku phezolo?"

"Hayi Tshangisa wethu, ndibaleke ndaya kulala kwaMaThahleni," itshilo impendulo.

"Kanti ububaleka ntoni, ubungatshongo kum ukuba nahlukene nale ndoda? Ukuba ibixhobile yaza yandosela ubuzakuyithini loo nto?" Ibe luthotho yaxananaza njalo loo mibuzo.

"Andikhange ndiyicinge yonke loo nto ngenxa yomothuko."

"Uyabona ke, nam ndisothukile. Ndiza kucela ukuba ndikhe ndirhoxe, sikhe sithobe isantya de niyilungise loo ndaba yenu lo mzuzu; mna andifuni kufela emanyaleni edolophini ndishiye umfazi wam emakhaya engumhlokokazi, nabantwana bam bengena yise," itsho iluvala olo cingo ayalinda mpendulo loo nkabi.

Ime nematha imazi, yakuude ngeengcinga. UTshangisa lowo ebeluncedo kakhulu kuye emsikelela nangeeR200 abemana ukumthi jwaxa ngazo xa kukubi kunqabe neemali zesikolo nezokukhwela ukuya nokubuya emsebenzini. Ucinge ngoko kubuya kweenzima.

Ubuyile emva kweentsuku ezimbini-ntathu wabonakala engena apho kwakhe uGatyeni ingekabuyi emsebenzini imazi, kodwa abantwana bekhona. Uncokole nentombi kwamnandi, yampha nento etyiwayo uyise. Akubanga kudala wagaleleka umfazi. Ubulise nje, "Molweni,"

wadlula waya kungena egunjini lokulala akuba evule ngesitshixo. Uhleli ithuba elivakalayo ezivalele kwelo gumbi. UGatyeni uthe makakhe ambize, “Nozinzile, ndihambele kuwe!”

“Wahambela kum, ngabuni?”

“Ndifun’inkundla yam, nam ndineengxaki.”

“Inkundla yakho? Akukho nkundla yakho apha!”

“Yinkundla yakwaGatyeni le ubuyibolekele ukwenza umsebenzi, nayivula ngembodlela yebranti...”

“He *maan*, tata kaZandi, yindlu yam le, ulibele ukuba weza kuhlala nam iselibobosi eli phambi kokuba ndakhelwe iRDP? Kutheni le nto ulibala msinya kangaka nje?”

“Awu! Hlenje usenza zonke ezi zinto uzenzayo kanti ulanda loo nto?”

“Ewe, yindlu yam kaloku le nabantwana bam.”

“Ungumfazi wam into oyiyo...”

“Akuzange ugqibe noko kulobola. *And too*, anditshatanga siLungu nawe, akunamaphepha atshoyo...”

“Tyhini bawo wam, asingomntu lo! Akugqiba ukundilobolisa kuye esandleni, ndamnika waya kuyivalela ebhankeni imali yam engako!”

“Kanti ndingumntu!”

“Mna ndiyabuya ngoMgqibelo lo uthanda ungathandi. Ndiza kuthetha kulaa nkundla ngebhotile yam yebranti!” Uphakame engathi uyavuthelwa waphuma ngomnyango.

“Ndifung’abalel’ukufa, izinyanya zakwaGatyeni, uzakubona into lo mfazi engandazi nje!” Uthethe sele ehamba yedwa, ethwabaza ebumnyameni.

Ngenene ubuyile ngaloo Mgqibelo ebewuxelile ephethe imbodlela yakhe yegrangqa ephelekwe ngabafana abathathu, waza walanda nexhego lalinye elingummelwane wakhe. Ubefake iintsimbi zakhe ezimhlophe zobugqira, eqabe mhlophe ebusweni, ekwvathe ezikwanjalo. Uye wama enkundleni ephambi kwaloo ndlu wajong’exhantini wazithutha. Ugqibele ngokungxengxeza, ekhalazela ukuba sisibhadu-bhadu sedolophu esilahlwa

nangumfazi. “Yibani netarhu kum booGatyeni! Ndincedeni nindityhilele iindlela zam; kubi kum. Litshone emini ilanga kum. Zivezeni zinyanya zakwaGatyeni nindithethelele!”

Emva koko iye yajikeleza imbhodlela, aphos’emiqaleni amadoda. Aphakame nganye-nganye ebulela ekwamnqwenelela impumelelo kuloo migudu nemizamo yakhe. Hayi ke kwachithakalwa emva koko. Umfazi umele phayaa ngasemnyango wendlu yakhe ebukele ngalo lonke elo xesha.

Ibe lithuba elivakalayo engasabonakali apho uGatyeni. Umfazi ubonwe ehanjelwa yenemoto ngoku indoda; yona ingumZimbabwe. Kwesi sithuba ubonakale eziphethe oku kwentombi yabafana enukiselwa ngumendo, sele engasathwali nezo qhiya, naloo mibhinqo eyilahle phaa kude.

Makabuyel'eGompo

“Nkqo – nkqo –nkqo!” kunkqonkqozwe oku kwesipolisa kwaGqwashu ngenye intsasa esangqengqile.

“Ungubani?” ubuze evakala ngathi uvuka ebuthongweni ngaphakathi apho uGqwashu.

“He *maan*, vula mfondini, kutheni ingathi akukavuki nje emin'apha?” utsho omnye esame ngaphandle, kodwa weva ngelizwi uGqwashu...

“Tyhini Zondwa, nguwe?” utsho emvulela emngenisisa.

“Ewe ndim, uphi uMaXesibe?”

“Uphangele.”

“O, uphangele? Khawuleza nxiba mfondini sihambe.”

“Yintoni na Zondwa, mfondini?”

“Khawuleza, khawuleza, yenza sihambe.”

Utsibele ibhulukhwe yakhe ebithiwe tyuu esitulweni uGqwashu, wakhawuleza ukunxiba phambi kokuba asule ubuso, axukuxe. Bakhwele emotweni kaZondwa, bangen'edleleni, umbombo wemoto ukhombwe ngasedolophini kule ndawo ibizwa ngokukuba kuse*Dassie* phaya eBhayi.

Uthule tyum uZondwa, ukufingeka kweentshiya zakhe kubonakalisa ukuxakaniseka okungathethekiyo engqondweni nasephefumleni. Umhlobo wakhe uthe akumkhangela wavela wafikelwa lixhala angalaziyo ukuba lishoba ni na.

“He Zondwa, undithutha undisaphi na mfondini?” ubuzile uGqwashu.

“Sesifikile, le ndawo ilapha kanye ekuqaleni apha e*Dassie*, kule mizi yabeLungu sel'ihlala abantu abamnyama ngoku.”

Ngenene bafikile kwimizi ekufuphi nechibi laseNorth End, wayimisa ye vu imoto ngaphandle kwamasango omnye waloo mizi, waya ngqo kwelinye lamagunjana angemva apho,

uGqwashu emthe nca ezithendeni apha. Umoya waseBhayi wawubuvuthuza kodwa hayi ngamandla, imini ingacacanga ngenxa yamafu ayethembisa imvula. Yiloo nto kanye naye uGqwashu waye esalele ngethuba ebefika uZondwa.

Uthe sele esondele kolo cango uZondwa wabe wabuya umva amanyathelo amabini-mathathu. Uhlehlile naye uGqwashu ephepha. Usuke waya ngamandla ngoku uZondwa, walukhaba lwesaa ukuvuleka ucango. Watsho etsiba ukungena apho. Umbono abawalamileyo apho ubothuse ngohlobo olugungxul'umphefumlo lo. Bangene kanye xa loo maqhekeza amnyama thsu esehla, umniniwo elima ngekhuba lakowabo phakathi kwemilenze yemazi elubhelu ebikhaba-khaba emoyeni oku komntu lo ukhwele ibhayisekile emavili ajongise esibhakabhakeni. Eso sibini sisemandlalweni asiyekanga noko, kucaca ukuba asiseva kwangeendlebe ngenxa yencasa yesondo elibiwayo. Imazi leyo ibikhwina lo wekati esebumnyameni bobusuku, ingasaziva tu, ikwelinye ilizwe. Umqolo waloo mfo ubuyinyhididi ukubila oku kucaca ukuba sekul'ithuba iphangele apho.

“Zibonele ke Gqwashu, nanko ke ephangele uMaxesibe wakho!” Ukhawuleze wasondela kwelo nqwanqwa letheko wakhwaza, “Heyi, mfundisi! Akuyeki nangoku sesiphezu kwakho, hi? Benditheni kuwe ngecawa enkonzweni?”

Utsibe umfo lowo wonda ngomqamelo, wawuthi hlasi wawugibisela phakathi kwemilenze yakhe ewubambe ngazo zozibini, amehlo ezingqanga ukujing'entloko, sel'ekhamisile ngoku, ebetha ngaloo ngubo yesele, elinqugwala ukubila. Imazi yona ixhume yanyebeleza yanyantsuza yatsibela isitulo esikufuphi, apho impahla yayo ibithiwe tyuu khona phezu kwaleyo yekrexe layo, yakhawuleza okombane ukunxiba lo gama amadoda esarholelene amehlo, sele ikhala ngo, “Yhoo!” Ibaleke yagqotsa ukuphuma ngaloo mnyango, ayababheka nokubabheka ababukeli ababesele bekho ngaphandle apho, yalibala ngemva nesosikhindi sayo.

“MaXesibe, MaXesibe!” Ufane wakhwaza wenjenjalo uGqwashu elandela imazi yakwakhe ebhekisa ngasemnyango, wabuya wema bhunxe ejongene naloo mnyango, wazithwal'entloko izandla. “Tyhini, bawo! O, Nkosi yam! Awu madoda, yinto endizakuyithini na le?” Uthe ukuguquka kwakhe we ntle ngaloo bhlumasi yomkakhe, waya kuyo wayichola wayifonya ngesokunene yalinqindi, waza wayifaka epokothweni yebhatyi.

“Uphangele! Ndikubuzile...” utsho ebhekisa kuye emjongile uZondwa, wabuya wabhekisa ekrexeni, “Wena m...ndu, ukhwel’abafazi babany’abantu...”

“O, ndixoleleni, ndingayintoni emfazini wam?”

“Usatheth’ububhanxa ngomfazi wakho? Uthini ngalo umfazi umlalayo sikubambe uphezu kwakhe? Uthini ngendoda le yakhe uyityelayo, hi?”

“Ndixoleleni, soze ndibe ndiphinde...”

“Soze ube uphinde kakade, uyahamba ubuyel’eGompo! *And too* uyahamba, uyaphuma kwasebufundisini menemenendini. Bangaphi; ngobani abany’abafazi obalalayo kwela bandla, hi? Chaza!”

“Hayi torho, ndiyaqala, bendisaqala...”

“O, ubusaza kuqhuba? Uyafokofa ke ngoku. Singaze sibe siphinde sikubone ngawethu amehlo apha kweli Bhayi. Thatha konk’okwakho ngoku, akukhonto izakuxoxwa ngale nto uyenzileyo; hamba ngoku ingekafiki ebandleni, uyandiva? Menemenendini lenja!”

Ngalo lonke elixesha uGqwashu uchophe oku komntwana othunywe ityuwa, ebambelele entloko ngazo zozibini encwina ejonge phantsi. Indoda leyo yomkakhe yayisabambe umqamelo ofihle amaphambili la, igubha ukungcangcazela oku, ifile ziintloni.

“Masambe Gqwashu,” utsho uZondwa esalibaze kakubi ngamehlo abomvu elo sela labafazi, esiya ngasemnyango.

Urhuqeke ngemva uGqwashu naye esiya ngasemnyango amehlo ethe gwantyi iinyembezi, engaziva, ingqondo ilee.

Uthe uZondwa kuye, “Khangel’apha ke Gqwashu, ndizakuhlanganisa amadoda athile aphaya enkonzweni; yikekele kum le nto. Yona le nja mayibuyel’eGompo ingekabagqibi bonk’abafazi aba bethu. Makahambe bo! Kwankqu le nto angazanga wayifuna into yokuhlala kwasemishini wayesazi ukuba uceba ukwenza le ntloni yokulalana nabafazi aba bethu. Ndatsho isafika ukuba ayibizwanga, asingomfundisi lo tsotsi lo. Yinja, nja le

inqunquth'amathambo. Makabuyel'eGompo; hayi makahambe bo." Baphumile bakhwel'emotweni bemka. Iqaqobana lababukeli lalisaxhwarhe phandle lisaphos'iliso.

UGqwashu ufike kukhal'ibhungane kwakhe. Kwakucaca ukuba uMaXesibe wagqotsela apho ukuphuncuka kwakhe emanyaleni akhe waya kwakhe, waqokelela kwanto. UGqwashu wonde ngegumbi lakhe lokulala, wase wangenwa kukuxhaxha oku komntu ongenwe yingqele le ingathethekiyo. Utsalele isitulo phambi kwetafile yesipili, wahlala ejonge esipilini apho kodwa engaboni nto, nkqu yena siqu engaziboni kuloo gilasi.

Emzuzwini uve isandi esibutswina bukrwitsheka, wamamelisisa, wothuka akuqaphela ukuba siphuma kuye emqaleni, wakhawuleza waphakama. Isingqala sakhe sijike ngoku safana nesomntu orhoxozayo ephuma umphefumlo, esabela kookhoko bakhe. Uye waguqa ngaphambi kwebhedi wafaka isandla wathi rhuthu imbodlela yegrangqa apha ebizwa ngokuba yi*Klipdrift* wayiphosa phezu kwebhedi ngaphambi kokuba ayekulanda igilasi ekhitshini. Ubuye nayo kwanejokwana yamanzi abanda okomkhence, waxuba, waphos'emqaleni ithamokazi, wakhawuleza walandelisa elinye elimtsho weva ukugqatseka okukhawulezileyo emazantsi esisu, wacimela ethe ntlubu amazinyo oku komntu lo uhlekayo.

Uthe esacimele njalo uGqwashu kwakukhona ewubona loo mbono wagangwa nguwo xeshikweni ebefika umkakhe engaphantsi kwekrexe ekhabakhaba imilenze phezulu emoyeni encwina bugcuma. "O, undenza ntoni MaXesibe?" Ubengathi uthetha naye embona ngamehlo lawo akhe phambi kwakhe. "MaXesibe, MaXesibe!" Waphinda elinye ithamo, lona lingasangxengwanga.

Abamelwane bave kusophuka igilasi yefestile. Bathe xa bekroba baphoswa ngunomathotholo ophathwayo ephuma oku kwembumbulu ngaloo festile, "vurrr! Qhwinki!" Besamangele njalo bothuswe kukuvela kukaGqwashu ebetha ngale yesele, naye ecothoza ukuphuma ngesango lakwakhe. Bakhala abafazi bokuhlala baval'amehlo ngezandla, abanabantwana bavala awabantwana bephepha elo sikizi.

"Yho – yho – yho! Nqandani! Aphi na amadoda alapha bantu beNkosi?" kukhale omnye wabo esothukile.

Kweso sithuba ube bunkcunkca ukukhawuleza oku komntu oqalisa umdyarho wemarathoni uGqwashu. Ubaleke esehla ngaloo mgaqo mkhulu Kunene waseNtshekisa, esingise ngaseCentenry Hall...

Sabanjalo ke isiphelo sikaGqwashu, usankcunkca kuloo lokishi nanamhlanje lo gama uMaXesibe engaziwa ukuba waya kutshona phi. OoQalazive bathi wagcagca naloo mfundisi wakwaGompo...

Tyhini uyagula uNopina-bhokhwe?

Mna ndingumfana osaze ngobuso elizweni, ndineminyaka elishumi elinesithoba ndazalwa. Ndingumfundi okunyaka wokuqala wezifundo zebakala leBA phaya kulaa dyunivesithi yaseRhodes, eRhini. Kwixesha lekhefu leholide zePasika ndikhe ndahambela ekhaya, ndaza ndavuya kakhulu ukubona abanye abahlobo bam endandisaya kufunda nabo kwisikolo samabanga aphakamileyo.

Omnye wabafundi endandisakuba naye esikolweni yintombazana egama linguNopina-bhokhwe. Usisi lo ebengomnye wamaqabane endandilungiselela iimviwo zematriki kunye nawo, sifunda ngokuzimisela okukhulu. Ngelo xesha sasifundela kwigumbi lam elingemva ekhaya; abazali bam bendinikile imvume yokufundela apho nabo bahlobo bam, yaza loo nto yabanga ukuba bamazi kwaye bamthanda uNopina-bhokhwe lo.

Ngale mpela-veki yePasika idlulileyo ufikile uPina lo eze kundindwendwela; savuya okwenene sobabini ukuphinda sibonane sukela mhla sohlukana ekuqaleni konyaka. Siye sawelana, sawolana sixhawulana sancamisana ngolwango lobungcwele, intombi sele ibunyembezana. Ndikhawuleze ndonda ngendlu enkulu, ndathi tsaku-tsaku ukubaleka ndisiya evenkileni, ndabuya ngokukhawuleza nembhodlela yesiselo esibandayo namaqebengwana; hayi ke sadla, sasela kamnandi, zavela neendaba.

Ethubeni ndiye ndamkhupha, ndamkhapha kuba bendinganqweneli ukuba ahlwelwe apho ekhaya. Ndibonile ukuba ubuthingaza, kodwa ndanyanzelisa ndibumtyhala; hayi ke wade wahamba, nzima, emva kwethutyana, ebutshela endincamisa ngohlobo endingaluqhelanga. Andizi kuxoka torwana, ndisale ndicinga ngaye akuba emkile, ndaza ndamphupha nokumphupha ngobo busuku. Ndiphuphe ndithandana naye oku komyeni nomtshakazi wakhe ngobusuku bokuqala bemini yabo yomtshato.

Uphinde wabuya emva kweentsuku ezimbini umhlobokazi wam, ndamcela ukuba ahlale apho egumbini lam langemva andilinde de ndibuye evenkileni apho bendisiya kumthengela khona isiselo esibandayo.

Ndibuye apho evenkileni, ndafika sele ndigangwa ngumama esithi, “Tyhini uyagula uNopina-bhokhwe lo?”

“Utsho ngokuba kutheni na mama?” ndibuzile, ndiqaphele ukuba uMa uwakhuphe entloko amehlo akhe oku komntu lo wothukileyo.

“Khangela apha Siqwayi, uze undincede nisebenzise ihokowa kuloo nto niza kuyiqhuba noNopina-bhokhwe lowo, angamithi apha loo mntwana!”

“Owu, mama, kanti undithatha oku kwantoni na?” Akaphendulanga umama, usuke wajonga kude oku komntu okhathazekileyo.

Ndibone isimanga sombono onditsho ndayibona loo ngulo abekhala ngayo umama. Ndifike uNopina-bhokhwe ebetha ngale yesele ingubo, ezaneke phezu komandlalo wam, elindile. Ndikhe ndema ndimbukele yanga ndiyalama, engandiboni yena, ndeva ubushushukazi emzimbeni obundenze nde minxi ingqondo le, ndaxakwa nakukuphefumla; waye emilile, engemhle umntwan’abantu, enomkhitha. Ndinge ndingaziphosa apho ebhedini, kodwa zakhawuleza zabuya iingqondo, yazinga intetho kamama ethi, “Tyhini uyagula uNopina-bhokhwe lo?”

E

lintlantsi

Idangatye ngobusuku

Amangcwaba la asindawo ebekuye kudlalwe kuyo, ebesoyikwa ehlonelwe ngabantu. Ngenye imini umhlobo wam uBoy uthe sakuba sihluthi izisu zithe mpu yigrangqa, wathi kum masikhe sijikele ngemva kwendlu yakhe siye kumangcwaba akufutshane nalapho kwakhe, kukho into afuna ndiyibone. Ndithe ndakumngcambazisa ngemibuzo waphendula ngelithi kukho usomashishini wakudala owangcwatyelwa apho odlaka lihlala-hlale livuth'idangatye ngobusuku. Ndithe kuba nam ndityile, ndinesibindi sebranti ndathi masiye kuba ndingayikholelwa le ntsomi yalomfo. Ngenene sikhawuleze salifumana ingcwaba elo lomnumzana, sikhanyise ngetotshi. Uthe nje ukuba ayicime itotshi uBhiza, suka kweqhwithe into enkulu yelangatye engcwabeni elo; yeka ke mhlob'am ukubaleka kwam, kwaphela naloo mqhelwana *weKlipdrift*.

Ndohlala ndimkhumbula

Ndiyakholwa kakhulu ngumntu othozamileyo, ofikelekayo, ongonqenekiyo, othethela phantsi enentlonipho. Ndithanda umntu onjalo, onesithozela nesidima kodwa engaziphakamisanga kwabanye abantu. Ndinethamsanqa kuba bonke abahlobo bam ngabantu abanjalo; akungetsho ukuba ngabantu abafunde bayityekeza, bambi beneemali zabo futhi. Ndithanda umntu ovakalelwayo yintlungu yomnye umntu ongathathi-ntweni, odandathekileyo emphefumlweni edinga ukomelezwa nokukhuthazwa ngabanye, hayi ukwenziwa intlekisa ngenxa yeengxaki azibhaqa egaxeleke kuzo. Ndithanda umntu oliyolisa, owenza kuhlekwe konwatywe apho akhoyo, phofu engahlekisi ngeemeko ezibuhlungu zabanye abantu. Wayenjalo umkhuluwa wam ongasekhoyo endihlala ndimkhumbula yonke imihla.